UMTHETHO WOKUKHUTHAZA UFIKELELO KULWAZI

INCWADANA YECANDELO LE-14

INOMBOLO YOQWALASELO KWAKHONA	:	5.3
INOMBOLO YEREFERENSI	:	7/5/1
UMHLA EGQITYWE NGAWO	:	Februwari 2014

the dti
Department:
Trade and Industry
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

PROUDLY SOUTH AFRICAN

IZIQULATHO

UKUVUNYWA **3**

IZIFINYEZO NEZISHUNQULELO **4**

1. Intshayelelo **6**

2. Injongo **6**

3. Okukhutshelwa ngaphandle **7**

3.1 Ii-COTII 7

4. Ukwakhiwa kunye nemisebenzi ye-dti **10**

4.1 umbono we-**dti** 10

4.2 injongo ye-**dti** 10

4.3 Iinjongo ezinesiphumo esivela kwisicwangciso 10

4.4. Inkcazo yeenkqubo neenkqubo ezinganeno 10

5. Isikhokelo secandelo le-10 lomThetho **14**

6. Iinkcukacha zoqhagamshelwano **15**

6.1. IGosa loLwazi 15

6.2. USekela Gosa loLwazi 15

6.3. Iidilesi 15

7. Ufikelelo kwiirekhodi ezigcinwe yi-dti **16**

7.1. Iindidi zeerekhodi ezigcinwe yi-**dti** 16

7.2. Iindidi zaeerekhodi ezifunekayo ukuba zihlolwe ngokomthetho ngaphandle kwe-PAIA 18

7.3. Iindidi zeerekhodi ezizifumaneka ngaphandle kwesicelo kwi-**dti** 18

8. Inkqubo yesicelo **19**

8.1. Inkqubo 19

8.2. Iimali ezihlawulwayo 21

9. Ukuvunywa/ukukhatywa kwezicelo **23**

IZIHLOMELO **28**

UKUVUNYWA

IGama neTayitile	Ukuvunywa	Usayino	UMhla
Mnu V Rabie **I-CIO** **I-OCIO**	**Kwenziwa isincomo** ☐ **Akwenziwa isincomo** ☐		
Izizathu (Zinyanzelekile xa kungenziwa isincomo soxwebhu)			
Nks SNO Choane **DDG** **GSSSD**	**Kwenziwa isincomo** ☐ **Akwenziwa isincomo** ☐		
Izizathi (Zinyanzelekile xa uxwebhu lungaxhaswa)			
Mnu L October **U-DG** **i-dti**	**Kwenziwa isincomo** ☐ **Akwenziwa isincomo** ☐		
Izizathu (Zinyanzelekile xa uxwebhu lungavunywa)			

ISBN: 978-0-621-43179-7

IZIFINYEZO NEZISHUNQULELO

ADEP	Aquaculture Development and Enhancement Programme (INkqubo yokuNyuswa koPhuhliso oluNxulumene neziLwanyana zaseManzini)
AIS	Automotive Investment Scheme (ISikim samaQithiqithi aNxulumene neziThuthi)
I-B-BBEE	Broad-Based Black Economic Empowerment (UkuXhotyiswa kwabamNyama ngoQoqosho)
BBSDP	Black Business Supplier Development Programme (INkqubo yoPhuhliso yabaNiki Mpahla kumaShishini abamNyama)
BEE	Black Economic Empowerment (UkuXhotyiswa kwabamNyama ngoQoqosho)
BPO	Business Process Outsourcing (ukuKhutshwa kweNkqubo yoShishino)
BPS	Business Process Services (iiNkonzo zeNkqubo yoShishino)
CEO)	Chief Executive Officer (Gosa eliyiNtloko leSigqeba)
CIP	Critical Infrastructure Programme (INkqubo yezaKhiwo eziBalulekileyo)
CIPC	Companies and Intellectual Property Commission (IKomishoni yeeNkampani kunye namaLungelo oMenzi)
CIPT	Companies and Intellectual Property Tribunal (INkundla yeeNkampani kunye namaLungelo oMenzi)
CIS	Co-operatives Incentives Schem (ISikim samaQithiqithi samaQumrhu)
COTIIs	Council for Trade and Industry Institutions (IBhunga lamaZiko oRhwebo noShishino)
CSIR	Council for Scientific and Industrial Research (Ibhunga loPhando lweNzululwazi noShishino)
DBSA	IBhanki yoPhuhliso yamaZantsi e-Afrika
DDG	Deputy Director General (Sekela Mlawuli Jikelle)
ECIC	Export Credit Insurance Corporation of South Africa (INkampani ye-Inshurensi yeKhredithi yeMpahla eThunyelwa ngaPhandle)
EE	Employment Equity (ubuLungisa kwiNgqesesho)
EIP	Enterprise Investment Programme (INkqubo yoTyalo-mali lwamaShishini)
EMIA	Esport Marketing and Investment Assistance (UNcedo kwiMarike eThumela iMpahla ngaPhandle noTyalo-mali)
FRSC	Financial Reporting Standards Council (iBhunga lemiGangatho yokuXela ngeziMali)
GSSSD	Group Systems and Support Services Division(ICandelo leeNkqubo zeQela neeNkonzo zeNkxaso)
ICT	Information Communication and Technology (UNxibelelwano loLwazi nobuChwepheshe)
IDC	Industrial development Corporation (IQumrhu loPhuhliso lweShishini)
IDIAD	Industrial Development Incentive Administration Division (ICandelo loPhuhliso lwamaShishini uLawulo lwamaQithiqithi
IDZs	Industrial Development Zones (iMimandla yoPhuhliso lweShishini)
IPAP	Industrial Policy Action Plan (UYilo lwamaNyathelo oMgaqo-nkqubo wamaShishini)
ISP	INkqubo yeNkxaso kuFukama
IWF	Isivande Women's Fund (iNgxowa-mali yabaseTyhini ye-Isivande)
MIP	Manufacturing Investment Programme (INkqubo yoTyalo-mali yokuVelisa)
NCC	National Consumer Commission (IKomishoni yabThengi yeSizwe
NCR	National Credit Regulator (UMlawuli weKhredithi weSizwe)

NCT	National Consumer Tribunal (INkundla yabaXhasi yeSizwe)
NEDP	National Exporter Development Programme (INkqubo yoPhuhliso lweMpahla eThunyelwa ngaPhandl)
NEF	National Empowerment Fund (iNgxowa-Mali yokuXhobisa yeSizwe)
NEPAD	New Partnership for Africa's Development (INtsebenziswano eNtsha kuPhuhliso lwe-Afrika)
NGB	National Gambling Board (iBhodi yokuNgcakaza yeSizwe)
NIPF	National Industrial Participation Framework (INkqubo-sikhokelo yeSizwe yoThabatho Nxaxheba kuShishino)
NLB	National Lotteries Board (iBhodi yeLotho yeSizwe)
NMISA	National Metrology Institute of South Africa (IZiko leSizwe loPhononongo ngeNzululwazi yokuLinganisa loMzantsi Afrika)
NRCS	National Regulator for Compulsory Specifications (UMlawuli weSizwe ekuXelweni okuNyanzelekileyo)
ODG	Office of the Director-General (I-Ofisi yoMlawuli Jikelele)
PAIA	UmThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi (UmThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi)
PAIS	People-Carrier Automotive Investment Schem (ISikim samaQithiqithi aNxulumene neziThuthi sabaNtu)
SABS	South African Bureau of Standards (IZiko lokuQinisekisa uMgangatho loMzantsi Afrika)
SAHRC	South African Human Rights Commission (iKomishoni yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika)
SANAS	South African National Accreditation System (iNkqubo yeSizwe yokuQinisekisa yoMzantsi Afrika)
SARB	South African Reserve Bank (IBhanki enguVimba yoMzantsi Afrika)
SARS	South African Revenue Services (iiNkonzo zeRhafu zoMzantsi Afrika)
SAWEN	South African Women Entrepreneurs' Network (uThungelwano looSomashishini baseTyhini boMzaantsi Afrika)
seda	Small Enterprise Development Agency (I-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinane)
SMMEs	Small, Medium and Micro Enterprise (AmaShishini amaNcinane, aPhakathi namaNcinane kaKhulu)
SPII	Support Programme for Industrial Innovation (INkqubo yeNkxaso yokuVeliswa kokuTsha kwezoShishino)
SSASS	Sector-Specific Assistance Scheme (ISikim soNcedo esiNgqalene neCandelo)
stp	**seda's Technology Programme (INkqubo yobuChwepheshe ye-seda)**
THRIP	Technology and Human Resources for Industry Programmes (UbuChwepheshe nokuNxulueen neMicimbi yabaSebenzi kwiiNkqubo zeShishini)
i-dti	Department of Trade and Industry (ISebe lezoRhwebo noShishino)
WIPO	World Intellectual Property Organisation (UMbutho weHlabathi mamaLungelo aBenzi)
WTO	UMbutho weMpilo weHlabathi

1. INTSHAYELELO

UmThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi, oyiNombolo yesi-2 ka-2000 (umThetho) waqala ukusebenza ngowe -09 Matshi 2001, usenza kusebenze ilungelo lomgaqo-siseko kulo naluphi na ulwazi olugcinwe lilo naliphi na iqumrhu likarhulumente okanye labucala elifunekayo ukusebenzisa okanye ukukhusela namawaphi na amalungelo. Apho kwenziwa khona isicelo ngokomThetho, iqumrhu ekwenziwa kulo isicelo linyanzelekile ukuba likhulule ulwazi, ngaphandle kwalapho kuxelwe khona kumThetho ukuba ulwazi lunako okanye alunako ukukhululwa.

UmThetho umisela imiba yenkqubo efunekayo ehlonyelwe kwisicelo esinjalo. Le ncwadana ijolise ekufakeni umkhwa wokungafihli kunye nokuthatha uxanduva kwiSebe lezoRhwebo nShishino (i-**dti**) nhgokwenza kusebenze ilungelo elwazini elifunekayo ukusebenzisa kunye nokukhusela amalungelo omntu okanye iombutho. Ukukhuthaza ukulawulwa okusebenzayo kwamaqumrhu karhulumente, yimfuneko ukuqinisekisa ukuba wonke umntu uyaxhotyiswa kwaye uyafundiswa ukuba aqonde amalungelo akhe ngokomThetho.

ICandelo le-9 lomThetho liyaqonda ukuba ilungelo elinjalo lofikelelo kulwazi ngeke limiselwe umda kwaye kufuneka lixhomekee kwimida enobulungisa, kuqukwa kodwa kungamiselwanga:

- Kwimida ejolise kukhuselo olufanelekileyo lobucala;
- Ubumfihlo kwezorhwebo; kunye
- Nolawulo olusebenzayo nolwaneleyo.

Ngaphaya koko, ilungelo esele likhankanyiwe lofikelelo kulwazi kufuneka lisetyenziswe ngendlela engqinelanisa elo lungelo kunye nawo nawaphi na amanye amalungelo, kuqukwa nelo lungelo liquletwhe kuMqulu wamaLungelo elifunyanwa kuMgaqo-siseko.

ICandelo le-14 lomThetho lifuna ukuba amaqumrhu karhulumente aqulunqe incwadana eza kunceda abantu ukuba bafumane ufikelelo kulwazi olugcinwe liqumrhu likarthulumente kwaye lixele ubunxinane beemfuneko ekufuneka zithotyelwe yincwadana.

Ukongeza, i-dti izama ukungafihli kwaye rhoqo nangokukhululekileyo inika ulwazi kuluntu lwezoshishino, kubathwngi noluntu jikelele oko ikwenza ngeencwadi ezipaapshiweyo, izaziso, iwebhusayithi yayo kunye neziko leminxeba.

Le Ncwadana yeCanxelo le-14 iyakuhlaziywa ngonyaka.

2. INJONGO

Le ncwadana ibonelela nabani na onqwenela ukusebenzisa umThetho ngeenkcukacha zoqhagamshelwano neenkqubo zokufumana ulwazi olungqalileyo kwi-**dti**.

Ikwanika umntu onjalo isishwankathelo esicacileyo sokwakhiwa, imisebenzi, iinkonzo kunye nesalathiso solwazi se-dti ukuze akwazi ukuchonga ulwazi olufunwayo ukuba ngaba sele lufumaneka.

Okuqukiweyo kwincwadana ziifom kunye nemali ehlawulwayo efunekayo ekufuneka ihambe naso nasiphi na isicelo solwazi.

3. OKUKHUTSHELWA NGAPHANDLE

Ukongeza kubantu abangaphakathi, i-**dti** ikwathembele nakumaqela akhethekileyo, awolawulo kunye nakwii-arhente namaziko ophuhliso lwemali ekuxhaseni ukukhula koqoqosho lwayo, ingqesho kunye nemiba yolingano kunye nokunikeza iimveliso kunye neenkonzo kubemi boqoqosho lelizwe.

Le ncwadana ibonelela ngeerekhodi ze-dti kuphela kwayue hayi ngezo zee-arhente zayo. Naziphi na izicelo zofikelelokulwazi ezenziwe kulo naliphi na iBhunga lamaZiko oRhwebo noShishino (Council of Trade and Industry Institutions) (COTIIs) mazisiwe kwiGosa loLwazi lombutho obandakanyekayo.

3.1 Ii-COTII

La maziko alandelayo aphantsi kwe-**dti**:

IGama leZiko likaRhulumente	Iinkcukacha zoqhagamshelwano	UHlobo lweMisebenzi
1. IKomishoni yeeNkampani kunye namaLungelo eMveliso awodwa (Companies and Intellectual Property Commission) (CIPC)	**Umnxeba: 086 100 2472 (CIPC)** **Ifeksi: 086 517 7224** **I-imeyile: info@cipc.co.za** **Idilesi yeposi: P.O. Box 429, Pretoria, 0001** **Iwebhusayithi: www.cipc.co.za**	I-CIPC yasekwa ukuba: inyanzele amalungelo awodwa abenzi kunye nemithetho yenkampani, kuqukwa ukubhaliswa kweenkampani; ukukhuthaza ukusonjululwa kweembambano ngokuzithandela mbambano ezo zivela phakathi kwenkampani kunye nomntu ekusetyenziswana naye okanye umlawuli, ngaphandle kokungenelela okanye ukugweba imbambano; ukujonga iipateni zokuthobela; ukuhlola izikhalazo; kunye nokuqalisa uphando, kuqukwa nokudlulisela imicimbi enkundleni kunye nokuvela enkundleni okanye kwiNkundla yeeNkampani.
2. INkampani ye-Inshurensi yeKhredithi yeMpahla eThunyelwa ngaPhandle (Export Credit Insurance Corporation) (ECIC)	**UMnxeba: +27 (0)12 471 3800** **Ifeksi: +27 (0)12 4713850** **I-imeyile: cthirion@ecic.co.za** **Idilesi yeposi: P.O. Box 528, Menlyn, 0063** **Iwebhusayithi: www.ecic.co.za**	I-ECIC uyi-arhente yekhredithi yempahla ethunyelwa ngaphandle yesizwe, ezimeleyo. UMsebenzi wayo kukuququzelela kunye nokukhuthaza urhwebo lokuthumela impahla ngaphandle eMzantsi Afrika ngokumela iimali-mboleko zekhredithi kunye notyalo-mali ngaphandle koMzantsi Afrika ukuza abantu abaneekontraki baseMzantsi Afrika bafumane impahla kunye neenkonmzo kwamanye amazwe. Ikwahlola ikhredithi kunye nemingcipheko yotyalo-mali lwangaphandle kwaye ibonelele ngekhredithi yokuthumela impahla ngaphandle kunye nekhava ye-inshurensi yotyalo-mali lwangaphandle egameni likaRhulumente woMzantsi Afrika.
3. iKomishoni yabaXhasi yeSizwe (National Consumer Commission) (NCC)	**Umnxeba: +27(0)12 940 4450** **+27(0)12 761 3400 / 2039** **I-imeyile: complaints@thencc.org.za** **Iwebhusayithi: www.nccsa.org.za**	I-NCC inoxanduva lokuqhuba imisebenzi kunye nokusebenzisa amagunya enikwe wona. Ekuqhubeni kwaye imisebenzi yayo, iKomishoni inokujonga kwakhona izinto ezintsha zamazwe ngamazwe kummadla wokhuselo lwabaxhasi, okanye idibane naye nawuphi na umntu, umbutho okanye iziko ngokuphathelene nawo nawuphi ba umcimbi onxulumene nokhuselo lwabaxhasi.
4. INkundla yabaXhasi yeSizwe (National Consumer Tribunal) (NCT)	**Umnxeba: +27(0)12 683 8140** **Ifeksi: +27(0)12 663 5693** **I-imeyile: registry@thenct.org.za** **Idilesi yeposi: Private Bag X110, Centurion, 0046** **Iwebhusaythi: www.thenct.org.za**	I-NCT ithathela ingqalelo nasiphi na isicelo esenziwe kuyo, ize yenze nawuphi na umyalelo onikiweyo ngokunxulumene nesicelo esinjalo okanye iintsolo zokuziphatha okuthintelweyo ngokumisela ukuba ingaba ukuziphatha okuthintelweyo kwenzekile na kwaye, ukuba kunjalo, ngokumisela ulungiso. Inika imiyalelo yeendleko kwaye inokusebenzisa naliphi na igunya awiselwe kuyo ngumthetho.

5. I-Companies Tribunal (CT)	**Umnxeba: +27(0)12 394 3071** **I-imeyile: registry@companiestribunal.org.za** **Iwebhusayithi: www.companiestribunal.org.za/**	I-CT igweba ngokunxulumene naso nasiphi na isicelo esinokwenziwa kuyo ngokwalo mThetho kwaye inokwenza nawuphi na umyalelo obonelelwe kulo mThetho ngokunxulumene nesicelo esinjalo.
6. I-National Credit Regulator (NCR)	**Umnxeba: 0860 627 627 / +27 (11) 554 2600** **Ifeksi: +27 (11) 805 4905** **I-imeyile: complaints@ncr.org.za** **Idilesi yeposi: P.O. Box 209, Halfway House, Midrand, 1685** **Iwebhusayithi: www.ncr.org.za**	I-NCR inoxanduva lokwazisa kwaye ixhasa uphuhliso, apho kukho khona imfuneko, yemarike yekhredithi yabathengi efanelekileyo, engafihliyo, enokhuphiswano, ezinzileyo, ethatha uxanduva, eyoneleyo, nesebenzayo kwaye iphakamisa abo bantu bebehlelelekile ngokwembali ngaphambili, abantu kunye noluntu olunengeniso esezantsi, olungafikelelekiyo, olubekwe lodwa nabemi kunye noluntu olunengxinano esezantsi kwimarike yekhredithi yabasebenzisi. Iqhuba uphando kwaye indulule imigaqo-nkqubo kuMphathiswa ngokunxulumene nawo nawuphi na umcimbi ochaphazela ishishini lekhredithi labathengi, kuqukwa kodwa kungamiselwanga mda kwizindululo zomthetho, zolawulo okanye amaphulo omgaqo-nkqubo anokuphucula ufikelelo kwikhredithi kubantu abaxelwe ngentla.
7. National Empowerment Fund (NEF) (iNgxowa-Mali yokuXhobisa yeSizwe)	**Umnxeba: +27 (0)12 305 8000** **Ifeksi: +27 (0)12 305 8001** **Iwebhumeyile: info@nefcorp.co.za** **Idilesi yeposi: P.O. Box 31, Melrose Arch, Melrose North, 2076** **Iwebhusayithi: www.nefcorp.co.za**	Ujoliso lwe-NEF kukukhuthaza kunye nokuququzelela ulingano kunye notshintsho kuqoqosho lwabamnyama. Ibonelela ngezisombululo zokuxhasa nezenkxao kwishishni labamnyama kuluhlu lwamacandelo nezakhiwo ezifikelelekayo kwiimveliso zolondolozo zabantu abamnyama ngokusekelwe kutyalo-mali lukarhulumente. Igunya kunye nenjongo yayo kukuba yi-arhente exhasayo kaRhulumente ekuququzeleleni ukuphunyezwa kwe-B-BBEE ngokweeKhowudi zokuSebenza ze-BEE.
8. National Gambling Board (NGB) (iBhodi yokuNgcakaza yeSizwe)	**Umnxeba: 086 722 7713 / 010 003 3475** **Ifeksi: 086 6185 729** **I-imeyile: Info@ngb.org.za** **Idilesi yeposi: Private Bag X27, Hatfield, 0028** **Iwebhusayithi: www.ngb.org.za**	I-NGB yasekwa ukuba ihlole kwaye iphande, xa kukhjo imfuneko, ukukhutshwa kweemvume zesizwe ngoogunyaziwe bamaphondo beembvume abangena kwizivumelwano nabo gunyaziwe ngokunxulumene namanyathelo amawathathwe ukulungisa nakuphi na ukusilela, ukwenza izincomo, ukujonga iipateni zentlalo-qoqosho zomsebenzi wokungcakaza kwiRiphabliki kwaye, ingakumbi, ukuphanda kunye nokuchonga imiba enxulumene, neepateni, oonobangela, kunye neziphumo zee: (i) Mpembelelo zentlalo-qoqosho zokungcakaza; kunye (ii) Nokungcakaza okurhurhayo nokunyanzelekileyo.
9. I-National Lotteries Board (NLB (iBhodi yeLotho yeSizwe)	**Umnxeba: +27 (0)12 432 1300** **Ifeksi: +27 (0)12 432 1402** **I-imeyile: info@nlb.org.za** **Idilesi yeposi: P.O. Box 1556, Brooklyn Square, 0075** **Iwebhusayithi: www.nlb.org.za**	I-NLB ijonga kwaye inyanzele ukuphunyezwa kwelotho yesizwe kunye nokusekwa kweeltho kunye nokhuphiswano lokwazisa. Ilawula iNgxowa-mali yeTrasti yoKwabiswa kweLotho yeSizwe, eyabela inzuzo ekwizabelo zayo kwintengiso yelotho kwizinto ezibalulekileyo.

10. National Metrology Institute of South Africa (NMISA) (IZiko leSizwe loPhononongo ngeNzululwazi yokuLinganisa loMzantsi Afrika)	**Umnxeba: +27(0)12 841 4152/1** **Ifeksi: +27 (0)12 841 2131** **I-imeyile: info@nmisa.org** **Idilesi yeposi: Private Bag X 34, Lynnwood Ridge, Pretoria, 0040** **Iwebhusayithi: www.nmisa. org**	I-NMISA inoxanduva lokuphumeza, ukugcina kunye nokusasaza iNkqubo yamaZwe ngamaZwe yeYunithi (International System of Unit) (SI). Igcina kwaye iphuhlisa imigangatho engundoqo yenzululwazi yobuninzi bomzimba kuMzantsi Afrika kwaye ithelekisa loo migangatho neminye imigangatho yesizwe ukuqinisekisa ukulingana kumlinganiselo wehlabathi.
11. National Regulator for Compulsory Specifications (NRCS) (UMlawuli weSizwe ekuXelweni okuNyanzelekileyo)	**Umnxeba: +27 (0)12 428 5000** **Ifeksi: +27 (0)12 428 5199** **I-imeyile: info@nrcs.org.za** **Idilesi yeposi: Private Bag X 25, Brooklyn, 0075** **Iwebhusayithi: www.nrcs.org.za**	UmThetho we-NRCS ubonelela ngokusekwa kweli ziko. I-NRCS inoxanduva lolawulo kunye nokugcinwa kokuxela okunyanzelekileyo kunye nokuphunyezwa kweenkqubo zolawulo nezokuthobela ekuxeleni okunyanzelekileyo.
12. I-Small Enterprise Development Agency (seda) (I-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinane)	**Umnxeba: +27 (0)12 441 1000** **Ifeksi: +27 (0)12 441 2064** **I-imeyile: info@seda.org.za** **Idilesi yeposi: P.O. Box 56714, Arcadia, 0007** **Iwebhusayithi: www.seda.org.za**	I-seda ibonelela ngophuhliso lwamashishini angengawo awemali kunye neenkonzo zdnkxaso kumashishini amancinane ngentsebenziswano nabanye abadlala indima. Injongo yayo kukuphuhlisa, ukuxhasa nokukhuthaza amashishini amancinane ukuqinisekisa ukukhula kunye nozinzo lwawo.
13. South African Bureau of Standards (SABS) (IZiko lokuQinisekisa uMgangatho loMzantsi Afrika)	**Umnxeba: +27 (0)12 428 7911** **Ifeksi: +27 (0)12 428 7889** **I-imeyile: Info@sabs.co.za** **Idilesi yeposi: Private Bag X191, Pretoria, 0001** **Iwebhusayithi: www.sabs.co.za**	I-SABS ijolise ekuphuhliseni, ukukhuthaza nokugcina iMigangatho yeSizwe yoMzantsi Afrika; ukukhuthaza umgangatho ngokunxulumene nempahla, iimveliso kunye neenkonzo; kunye nokunika iinkonzo zohlolo lokufana kunye nemicimbi enxulumene nayo.
14. South African National Accreditation System (SANAS) (iNkqubo yeSizwe yokuQinisekisa yoMzantsi Afrika)	**Umnxeba: +27 (0)12 394 3760** **Ifeksi: +27 (0)12 394 0526** **I-imeyile: office@sanas.co.za** **Idilesi yeposi: Private Bag X23, Sunnyside, 0132** **Iwebhusayithi: www.sanas.co.za**	Injongo ye-SANAS kukuvuma kunye nokuhlola iMisebenzi eLungileyo yeLebhu (Good Laboratory Practice) (GLP) ngeenjongo zokuthobela, imibutho ewela kwisikowupu sayo semisebenzi; ukukhuthaza ukuvunywa njengedlela yokuququzelela utrhwebo lwamazwe ngamazwe kunye nokuphakamisa ukusebenza koqoqosho loMzantsi Afrika notshintsho; ukukhuthaza ukufaneleka nokulingana kwamaqumrhu alinganayo; kunye nokuphakamisa ukufaneleka kunye nokulingana kwezibonelelo zezikhalazo ze-GLP.

4. UKWAKHIWA KUNYE NEMISEBENZI YE-DTI

4.1 umbono we-**dti**

“Uqoqosho loMzantsi Afrika oluguqukayo, olukhuphisana kwihlabathi, oluneempawu zokukhula nophuhliso oluqukayo, ingesho ephucukileyo nolingano, eyakhelwe kwimfezeko epheleleyo yabo bonke abemi. “

4.2 injongo ye-**dti**

I-dti ijolise eku:

- Khuthazeni utshintsho lokwakhiwa, ngokubhekisele kushishino oluguqukayo kunye noqoqosho olukhuphisana kwihlabathi;
- Ukubonelela ngemo engqongileyo ethathela kuyo uxanduva ekuhlaleni, enokuxelwa kwangaphambili, enokhuphiswano, enobulungisa, evumayo kutyalo-mali, urhwebo nophuhliso lwamashishini;
- Ukwandisa uthabatho nxaxheva kuqoqosho ukuze komelezwe uphuhliso lwezoqoqosho; kunye
- Nokuqhuba ngokuphucula izakhono kunye nokukwazi kwe-dti ukufezekisa ngokusebenzayo igunya layo kunye nokusabela kwiimfuno zoqoqosho zabemi boMzantsi Afrika.

4.3 Iinjongo ezinesiphumo esivela kwisicwangciso

Iinjongo zesicwangciso se-**dti** kuku:

1. Ququzelela utshintsho loqoqosho ukuze kukhuthazwe uphuhliso lwamashishini, utyalo-mali, ukhuphiswano kunye nokudalwa kwengqesho;
2. Ukwakha unxulumano oluxhamlisa macala lommandla nolwamazwe ngamazwe ukusa phambili urhwebo loMzantsi Afrika, umgaqo-nkqubo woshishino kunye neenjongo zophuhliso loqoqosho;
3. Ukuququzelela uthabathi nxaxheba kuqugusho olusekelwe kububanzi oko kusenziwa ngamangeneo ekujoliswe kuwo ukuphumeza uqoqosho oluquka ngokungaphaya;
4. Ukudala imo engqongileyo yolawulo efanelekileyo eyenza kuphuhle utyalo-mali, urhwebo namashishini ngendlela enobulungisa nethatha uxanduva ekuhlaleni; kunye
5. Nokukhuthaza imo engqongileyo yokusebenza enobugcisa, eneenqobo ezisesikweni, eguqukayo, enokhuphiswano nejolise kumthengi eqinisekisa unikezo lweenkonzo olusebenzayo nolwaneleyo.

4.4. Inkcazo yamaCandelo namaCandelo angaNeno

i-dti inamacandelo asixhenxe abekwe ngezantsi:

4.4.1 ICandelo loku-1: Ulawulo

a) INjongo: Ukunika ubunkokeli obunesicwangciso kwisebe kunye namaziko alo, ukuqinisekisa ukuphunyezwa ngempumelelo kwegunya lesebe oko kusenziwa ngezisombululo zemithombo kunye neenkonzo ezihlanganisiweyo eziqhutywa ngabathengi, kuqukwa nophando kuphuhliso lweshishini, umgaqo-nkqubo wezoqoqosho, ukukhula nolingano.

b) INkcazo yemaCandelo angaNeno:

- **I-Ofisi yoMphathiswa** ibonelela ngobunkokheli nomgaqo-nkqubo kwi-**dti**
- **I-Ofisi yoMlawuli-Jikelele (Office of the Director-General) (ODG)** ibonelela ngolawulo xa lulonke lwemithombo ye-**dti**;
- **IiNkonzo zeQumrhu** zibonelela ngezisombululo ezijoliswe kumthengi nezihlanganisiweyo kulawulo lwemicimbi yabasebenzi, ubuchwepheshe bolwazi nobonxibelelwano information and communication technology) (ICT), iinkonzo zomthetho nolawulo lwezibonelelo;

- **INdawo yee-Ofisi** kukwabiwa kweenkonzo zokuhlala kwii-ofisi zemimandla ze-**dti** kwaye ziqinisekisa iinkonzo eziqhubayo zokulungisa;
- **ULawulo** lweziMali lubonelela ngenkxaso kwi-**dti**, ngokunxulumene nokwabiwa kwemithombo yemali kunye nokulawulwa kwayo ngaphaya koko, ukunceda ukuzalisekisa iinjongo zesebe;
- **Unxibelelwano** luququzelela ukuqondwa kwendima yesebe kwaye lonyusa ukuthathwa kweemveliso kunye neenkonzo zalo oko kusenziwa ngokuphuculwa kwamanqaku aphathelene nabathengi kunye nokuqinisekisa ulawulo lobudlelwane lwabaxhasi; kwaye lwenza ukuqonda kwabathengi kunye namaphulo okufundisa okuqinisekisa ukuqondwa ngentsingiselo kwezinto ezinikwa lisebe; kunye
- **EzeeNdaba nobuDlelwane noluNtu** ziqinisekisa ukuba imbonakalo yesebe iyabonakalo ngokuphucula ulawulo lobudlelwane bezeendaba nemisebenzi yobudlelwane noluntu.

4.4.2 ICandelo lesi-2: URhwebo lwamaZwe ngamaZwe noPhuhliso loQoqosho

a) Injongo: Ukwakha inkqubo erhweba nehlabathi enobulungisa eququzelela uphuhliso, ngokomeleza urhwebo nokudibana kotyalo-mali noqoqosho olungundoqo kunye nokufaka uphuhliso lwe-Afrika, oluqukwa ngokuhlanganiswa kommandla kunye nokwelizwekazi kunye nentsebenziswano yophuhliso engqinelana neNtsebenziswano eNtsha yoPhuhliso lwe-Afrika (New Partnership for Africa's Development) (NEPAD).

b) INkcazo yemaCandelo angaNeno

- **UPhuhliso loRhwebo lwamaZwe ngamaZwe** luququzelela unxulmano kunye nezivumelwano eziphakathi kwamazwe amabini kunye namazwe amaninzi. Eli candelo linganeno lidlulisela kuMbutho woThintelo lweziXhobo zeMIchiza, njengegalelo loMzantsi Afrika kwiMvumelwano yeziXhobi zeMichiza; iiLebhu ze-ProTechnik, njengegalelo loMzantsi Afrika kwizivumelwano nemibuso yamazwe ngamazwe kuthintelo; kunye noMbutho woRhwebo weHlabathi (World Trade Organisation) (WTO), njengemali ehlawulelwa ubulungu yoMzantsi Afrika kulo mbutho wehlabathi osebenza ngemithetho yorhwebo phakathi kwamazwe.
- **UPhuhliso loQoqosho lwase-Afrika** luququzelela unxulumano lwezorhwebo eziphakathi kwamazwe amabini kunye namazwe amaninzi ase-Afrika esijoliswe ekuzinziseni ukuhlanganiswa kommandla. Icandelo elinganeno lidlulisela iintlawulo kwiBhanki yoPhuhliso yamaZantsi e-Afrika (Development Bank of Southern Africa) (DBSA) kumaphulo ophuhliso lweendawo ajolise kuphuhliso lwentlalo -qoqosho ezinzileyo ekhawuleziswayo.

4.4.3 ICandelo lesi-3: UKwandisa uThabatho Nxaxheba

a) Injongo: likhokela ukuphuhliswa kwemigaqo-nkqubo nezicwangciso ezidala imo engqongileyo evumayo kumashishini amncinane, aphakathi nawemali encinane (small, medium and micro enterprises) (SMMEs), kwaye iphakamisa ukhuphiswano loqoqosho lwengingqi nolwamaphondo, ukuphumeza ulingano oluqukayo ekwabelwana ngalo, ukukhula nokudalwa kwemisebenzi.

b) INkcazo yemaCandelo angaNeno

- **UPhuhliso lwamaShishini** ludala imo engqongileyo evumayo kuphuhliso kunyenokukhula kwee-SMMEs kunye namashishini anokuqhutywa ngabantu abangaphezulu kwabanye, kwaye inika uluhlu olubanzi lweenkonzo zenkxaso yophuhliso lwamashishini. Inkqubo enganeno idlulisela iintlawulo kwi-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinane (Small Enterprise Development Agency) (seda), ebonelela ngophuhliso lwamashishini angengawo awemali kunye neenkonzo zenkxaso kumashishini amancinane.
- **ULingano nokuXhobisa** kukhuthaza ukuxhotyiswa kwabamnyama kwezoqoqosho (black economic empowerment) (BEE) nokuxhotyiswa kwabasetyhini. Iintlawulo ezidluliswayo zenziwa kuThungelwano loSomashishini baseTyhini boMzantsi Afrika (South African Women Entrepreneurs' Network) (SAWEN), okwangoku olulawulwa yi-seda, exhasa kwaye ikhulise ubusomashishini babasetyhini ngezibonelelo zothungelwano; kunye neQumrhu loPhuhliso lweShishini (Industrial Development Corporation) (IDC) INgxowa-mali yabaseTyhino ye-Isivande (Isivande Women's Fund) (IWF), enika inkxaso yezimali koosomashishini basetyhini ukuba bakhulise amashishini abo.
- **UPhuhliso loQoqosho loMmandla** lukhuthaza uphuhliso loqoqosho olunezithuba kunye nophuculo

lokuvelisa, ngemigaqo-nkqubo yemisebenzi yezandla, izicwangciso neenkqubo ezijolise kwimimandla engaphuhlanga. Icandelo elinganeno lidlulisela iintlawulo kwiYunivesiti yase-Johannesburg: INkqubo yoPhuhliso lwezaKhono yoPhuhliso loQoqoqsho. Icandelo elinganeno nalo lidlulisa kubuChwepheshe boMbutho woPhando weSizwe kunye neCandelo lezabaSebenzi kwiiNkqubo zeShishini (National Research Foundation's Technology and Human Resources for Industry Programmes) (THRIP), exhasa uphuhliso lophando nobuchwepheshe ngokwandisa inani kunye nazakhono zabantu abaqeqeshwe ngokufanelekileyo; inkqubo yoMceli mngeni wokuVelisa eMsebenzini eMzantsi Afrika, exhasa ngemali kwaye ixhase uphuxculo olukudidi oluphambili kwiinkampani zoMzantsi Afrika; iNkqubo yeNkxaso ye-IDC yokuVelisa okuTsha kuShishino (Industrial Innovation) (SPII), eyenza ukuba amashishini ecandelo labucala aphuhlise imveliso kunye neenkonzo ezintsha; iNkqubo yobuChwepheshe ye-seda (seda 'sTechnology Programme) (stp), exhasa ngemali kwaye ixhase kwangoko, elungisa kwaye iqalise amaphulo obuchwepheshe ajoliswe ekunyuseni ukufaneleka koMzantsi Afrika; kunye neZiko lokuba nguSomashishini, elidibanisa uqeqesho lwabanezidanga kubuchwepheshe kunye nokuba ngusomashishini kwizifundo zemfundo yamabanga aphezulu, oko kuxhobisa oosomashishini abakhulayo kunye nabo banezidanga bangasebenziyo.

4.4.4 ICandelo lesi-4: UPhuhliso lwamaShishini: uPhuhliso loMgaqo-nkqubo

a) Injongo: UMgaqo-nkqubo yoYilo nokuphumeza, izicwangciso nenkqubo kuphuhliso lwamacandelo okuvelisa nanxulumene nawo oqoqosho; kunye namagalelo ekudalweni ngokungqalileyo nangokungangqalanga kwemisebenzi ephucukileyo, ukongeza ixabiso nokuba nokhuphiswano, kwiimarike zasekhaya nezithumela impahla ngaphandle.

b) INkcazo yemaCandelo angaNeno

- **Ukuba noKhuphiswano kwezoShishino** kupuhlisa imigaqo-nkqubo, izicwancgiso neenkqubo zokomeleza ukukwazi ukusebenza kwamacandelo okuvelisa kunye namanya awongeza ixabiso, ukudala imisebenzi epohucukileyo kunye nokongeza ixabisa kunye nokhuphiswano kwiimartike zasekhaya nezithumela impahla ngaphandle, njengoko kubekiwe kuYilo lwamaNyathelo oMgaqo-Nkqubo wamaShishini (Industrial Policy Action Plan (IPAP) osebenza ngonyaka weminyaka emithathu. Icandelo elinganeno lidlulsiela iintlawulo kwiQumrhu leMigangatho loMzantsi Afrika (South African Bureau of Standards) (SABS); iZiko leNzululwazi yeMilinganiselo leSizwe loMzantsi Afrika (National Metrology Institute of South Africa) (NMISA); UMlawuli weSizwe oNyanzelekileyo wokwaZisa (National Regulator for Compulsory Specifications) (NCRS); kunye neNkqubo yokuVunywa yeSizwe yoMzantsi Afrika (South African National Accreditation System) (SANAS).
- **ICandelo eliLungiselelweyo** liphuhlisa kwaye liphumeze izicwangciso ezineempembelelo eziphezulu kwicandelo ezijolise ekuveliseni kunye nezinye izinto ukudala imisebenzi ephucukileyo kunye nokongeza ixabiso kunye nokhuphiswano kwiimartike zasekhaya nezithumela impahla ngaphandle, njengoko kubekiwe kwi-IPAP esebenza ngonyaka yeminyaka emithathu. Eli candelo linganeno lidlulisela iintlawulo kwi-IDC: AmaQithiqithi okuVeliswa KweMpahla nokuThungwayo kunye neeNkqubo zeCandelo ezeNziwe ngokuKhethekileyo; iBhunga loPhando lwezeNzululwazi namaShishini (Council for Scientific and Industrial Research) (CSIR) zeNkqubo yeShishini laseMoyeni, iZIko layo lokuCoca leSizwe kunye noThungelwano lobuChwepheshe beFektri yesiNyithi yeSizwe; iPhulo leziXhobo leSizwe le-Intsimbi; kunyue neNdawo yaseMoyeni yase- Centurion.

4.4.5 ICandelo lesi-5: UMmiselo wabaXhasi noweQumrhu

a) Injongo: Ukukhphuhlisa nokuphumeza izisombululo zolawulo ezingaguqukiyo, ezinokuxelwa kwangaphambili, kwaye ezingafihliyo eziququzelela ufikelelo olulula lokulungisa kunye nolawulo olwaneleyo kuqoqosho.

b) INkcazo yemaCandelo angaNeno

1. **UPhuhliso loMgaqo-nkqubo nomThetho** luphuhlisa izisombululo zolawulo, kuqukwa nokujongwa kwakhona iokuqhubayo komthetho.
2. **UkuNyanzela nokuThobela** kubonelela icandelo likarhulumente nelabucala ngokujongwa kwakhona kwemigaqo-nkqubo kunye neengxelo kucazululo, uhlolo lweempembelelo, uphjando lwemarike kunye nokusebenza kokuthobela ngokuzithandela kwee-arhente zolawulo.

3. **IiNkonzo zoLawulo** zihlola kwaye zixhase inani lee-atrhente zolawulo, kuqukwa:
    - IBhodi yokuNgcakaza yeSizwe (National Gambling Board) (NGB),ebonelela ngenkqubo-sikhokelo yemisebenzi yokungcakaza kwaye ihlola iziphumo zentlalo-qoqosho zokungcakaza kubemi;
    - INkundla yabaThengi yeSizwe (National Consumer Tribunal) (NCT), egweba kwimicimbi yekhredithi kunye neyabathengi ukuqinisekisa ulingano kwimarike yekhredithi, kwaye ingqinelanisa amalungelo namaxanduva abaniki bekhredithi kunye nabathengi;
    - UMLawuli weKhredithi weSizwe (National Credit Regulator) (NCR), olawula ishishini lekhredithi labathengi ukuphucula ukhuselekio lwabathengi kwimarike yekhredithi yabasebenzisi, inika ukucetyiselwa ikhredithi okusebenzayo ize ijonge kwakhona iindlela;
    - IKhomishini yabaThengi yeSizwe (National Consumer Commissio) (NCC), eqinisekisa ukuba iimarike ezisebenzayo zinobulungisa, zinokhuphiswano kwaye zithatha uxanduva kubathengi;
    - IKomishoni yeeNkampani kunye namaLungelo aWodwa (Companies and Intellectual Property Commission) (CIPC), esebenza ngokubhaliswa kweenkampani, ukubambelela kwimigangatho ywezimali, ulungiselelo lwamangenelo okuhlangula ishishini kunye nokunyanzela kwiimeko zokungathobeli;
    - IBhodi yeLotho yeSizwe (National Lotteries Board) (NLB), elawula ilotho kwaye iququzelele ukwabiwa kwemali yelotho ngeenjongo zokunceda nokuphuhlisa;
    - INkundla yeeNkampani namaLungelo aWodwa (Companies and Intellectual Property Tribunal) (CIPT), egweba imicimbi evelayo ngokomThetho weNkampani, 2008 (umTetho oyiNombolo yama-71 ka-2008);
    - IBhunga lePhaneli yoMmiselo woKuthatha uLawulo nemiGangatho yokuXelwa kweziMali (Takeover Regulation Panel and Financial Reporting Standards Council) (FRSC), elasekwa kulandela umThetho weeNkampani, 2008 (UmThetho oyiNombolo yama-71 ka-2008), elinoxanduva lokulawula iitransekshini ezenziweyo kunye nokukhutshea kwemigangatho; kunye
    - NoMbutho weHlabathi wePropati yamaLungelo oMenzi (World Intellectual Property Organisation) (WIPO), oququzelela igalelo loMzantsi Afrika kumazwe ngamazwe kwilungelo lomenzi.

4.4.6 ICandelo lesi-6: UPhuhliso lwamaShishini: uLawulo lwamaQithiqithi

a) Injongo: Ukuvuselela nokuququzelela uphuhliso oluzinzileyo, amashishini anokhuphiswano oko kusenziwa nhgolungiselelo olwaneleyo kunye namanyathelo ofikelelo kumaqithiqithi oluxhasa okuza phambili kwisizwe.

b) Ukuchazwa Kwezinhledlana

- **UKwandisa uThabatho Nxaxheba** kubonelela ngeenkqubo zokukhuthaza uthabatho nxaxheba olubanzi kuqoqosho olungundoqo lwamashishini abanini bawo bavela kolo luntu lwaluhlelelekile ngaphambili kunye nemimandla engathathelwa ntweni. INkqubo eNika upHuhliso amaShishini abmNyama (Black Business Supplier Development Programm) (BBSDP), iSikim samaQithiqithi kubaNini bamaQumrhu (Co-operatives Incentive Scheme) (CIS) kunye neNkqubo yokuXhasa ukuFukama (Incubation Support Programme) (ISP) zenza inxenye yaeli candelo linganeno.
- **AmaQithiqithi okuVelisa uTyalo-mali** akhuthaza utyalo-mali olongezelelekileyo kwicandelo lokuvelisa. Iinkqubo zamaqithiqithi ziquka iNkqubo yoTyalo-mali ekuVeliseni (Manufacturing Investment Programme) (MIP)kwiNkqubo yoTyalo-mali kumaShishini (Enterprise Investment Programme) (EIP); ISikim soTyalo-mali kwiziThuthi (Automotive Investment Scheme) (AIS); iSikim soTyalo-mali kwiziThuthi eziThwala abaNtu (People-Carrier Automotive Investment Scheme)(PAIS); INkqubo yokuNyusa nokuPhuhlisa okuNxulumene neziLwanyana zaManzi (Aquaculture Development and Enhancement Programme) (ADEP); kunye ne-12I yeNkxaso yeRhafu.
- **AmaQithiqithi oTyalo-mali lweeNkonzo** akhuthaza utyalo-mali olonyusiweyo nokukhula kumacandelo enkonzo. Amacandelo amaqithiqithi aquka iiNKonzo zeNkqubo yoShishino (Business Process Services) (BPS), ngaphambili ebezisakwaziwa njengenkqubo yokuKhutshwa kweNkqubo yoShishini (Business Process Outsourcing) (BPO); amaQithiqithi okuVeliswa kweBhanyabhanya noMabonakude; kunye neNkqubo yoTyalo-mali lweShishini (Enterprise Investment Programme) (EIP).
- **INkxaso yoPhuhliso lwezaKhiwo** iphakamisa utyalo-mali kuqoqosho loMzantsi Afrika ngokubonelela

ngezakhiwo ezibalulekileyo kuphuhliso lwamashishini, oko kusonyusa impahla ethunyelwa ngaphandle enexabiso elongeziweyo kwaye idala amathuba engqesho. Amacandelo amaqithiqithi aquka iNkqubo eBalulekileyo yezaKhiwo (Critical Infrastructure Programme) (CIP), inkqubo ye-IDZ kunye nee-SEZ.

- **UPhuhliso lweMveliso neeNkqubo** lujolise ukuphuhlisa, ukujonga kwakhona, ukuhlola nokuvavanya iinkqubo zamaqithiqithi ukuxhasa iNkqubo-sikhokelo yoMgaqo-nkqubo wamaShishini eSizwe (National Industrial Policy Framework) (NIPF) kunye noyilo lwawo lokusebenza ngokunjalo nezicwangciso zokulungisa intsilelo echongiweyo.
- **UPhuhliso lwamaShishini noKhathalelo lwaMva** luququzelela ufikelelo kumashishini ekujoliswe kuwo ngokujonga kwakhona izikim zamaqithiqithi kwiimpembelelo zawo kunye nezifundo ezifundiweyo zokuphucula izikim ezidala kunye nokuphuhlisa ezitsha.

4.4.7 ICandelo lesi-7: URhwebo kunye noTyalo-mali loMzantsi Afrika

a) Injongo: Ukonyusa amandla empahla ethunyelwa ngaphandle kunye nokuxhasa utyalo-mali olungqalileyo oko kusenziwa ngezicwangciso ekujoliswe kuzo kunye nokulawula ngokusebenzayo uthungelwano lwee-ofisi zangaphandle zorhwebo.

b) INkcazo yemaCandelo angaNeno

- **UkuKhuthazwa noQuquzelelo kuTyalo-mali** kuququzelela ukonyuka kubunzinzi kunye nomgangatho wotyalo-mali olungqalileyo lwangaphandle kunyenowlasekhaya ngokubonelela ngokufunwa kwabantu abatsha, ukusonjululwa kweengxaki neenkonzo zolwazi. Icandelo elinganeno likwanoxanduva lokuququzelela iNgxoxo-Mpikuswano ye-Afrika, inkomfa yotyalo-mali yamazwe ngamazwe yonyaka, kunye nokukhuthazwa kotyualo-mali olukhutshelwa ngaphandle.
- **UkuPhuhliswa nokuKhutshelwa kweMpahla ngaPhandle** kukhuthaza ukuthunyelwa kwempahla neenkonzo ezongezwe ixabiso ngaphandle eMzantsi Afrika ukuze konyuswe izabelo zemarike kwiimarike ezinokukhula okuphezulu ekujoliswe kuzo, kunye nokugcina izabeloz emarike kwiimarike zemveli. Inkqubo enganeno ilawula amaqithiqithi eMarike eThumela iMpahla ngaPhandle noNcedo kuTyalo-Mali (Export Market and Investment Assistance) (EMIA) kwaye lilawula i-NEDP, ejiolise ukwandisa impahla ethunyelwa ngaphandle kunye nokuphucula ukusebenzisana kukaRhulumente necandelo labucala.
- **IMisebenzi yamaZwe ngamaZwe** ikhuthaza urhwebo notyalo-mali kwaye lilawula abameli besebe abangama-32 bangaphandle kumazwe angama-45. Imisebenzi engundoqo iquka ukusebenza nabo bangaba ngabatyali-mali.

5. ISIKHOKELO SECANDELO LE-10 LOMTHETHO

Icandelo le-10 lomThetho linika umsebenzi kwiKhomishoni yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika (South African Human Rights Commission) (SAHRC) ukuba “iqulunqe ngowimi ngalunye olusemthethweni isikhokelo esiqulethe ulwazi olunjalo, ngendlela nanhgohlobo olufundeka ngokulula, njengoko lunokufunwa ngumntu onqwenela ukusebenzisa naliphi na ilungelo kwakhankanywe kumThetho ”.

I-SAHRCa ipapashe isikhokelo njengoko kumiselwe liCandelo le-10 lomThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi. Isikhokelo sifumaneka kwii-ofisi ze-SAHRC.

IYunithi ye-PAIA (ukuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi) kwiKomishoni yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika
The Research and Documentation Department (ICandelo loPhando kunye nokuBhalwa)
Private Bag X2700
HOUGHTON
2014

Umnxeba +27 (0)11 877 3600
IWebhusayithi www.sahrc.org.za
I-imeyile PAIA@sahrc.org.za

6. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO

6.1. IGosa loLwazi

UMLAWULI JIKELELE	UMNXEBA	IFEKSI	IDILESI YE-IMEYILE
Mnu L October	+27 (0)12 394 3075	+27 (0)12 394 0323	LOctober@thedti.gov.za

6.2. USekela Gosa loLwazi:

DIO	UMNXEBA	IFEKSI	IDILESI YE-IMEYILE
Dr GJ Calitz	+27 (0)12 394 5561	+27 (0)12 394 6561 +27 (0)12 394 0800	GCalitz@thedti.gov.za

6.3. Iidilesi

IDILESI YEPOSI	IDILESI YESITALATO	IWEBHUSAYITHI
IGosa loLwazi i-dti Private Bag X84 Pretoria 0001	IGosa loLwazi i-dti 77 Meintjies Street Sunnyside Pretoria	www.thedti.gov.za

7. UFIKELELO KWIIREKHODI EZIGCINWE YI-DTI

7.1. Iindidi zeerekhodi ezigcinwe yi-dti

7.1.1 Ulwazi lweMveliso kunye neMarike

Oku kuquka ulwazi oluphathelene nemveliso kunye neemeko zemarike, kunye nemilinganiselo ekhombisayo ejikeleze ubukho bezi mveliso. Olu didi lolwazi luquka iinkcukacha zeenkampani ezivelisa okanye ezingenisa ngaphakathi elizweni iimveliso, isimo sokuthintelwa kokungandi kweemveliso, izimo zemarike eziphathelene neemveliso kwisizwe, kummandla nakumazwe ngamazwe, kunye nemiba engundoqo eqhuba izimo.

7.1.2 IziVumelwano zoRhwebo

Ok kuphathelene nolwazi olunxulumene nezivumelwano zorhwebo phakathi koMzantsi Afrika kunye namazwe ngamazwe kunye neminye imibutho. Ulwazi olungundoqo olunxulumene nolu didi luphathelene nezivumelwano eziphakathi koMzantsi Afrika kunye namanye amazwe kunye nemimandla yoqoqosho yangaphandle, iinkcukacha zezivumelwano ezinxulunyaniswa neemveliso, izikhombisi qoqosho kunye nemiba yemarike, kunye nemiqathango yeemveliso equkwe kwizivumelwano.

7.1.3 AmaQithiqithi neNkxaso

Oku kuquka ulwazi oluphathelene namaqithiqithi anikwa yi-dti kwimibutho ukuze idlulise ubuchwepheshe kunye nophuhliso lwamashishini njalo njalo. Ulwazi olungundoqo kolu didi luquka iimveliso kunye nohlobo lweshishini manikwa kulo amaqithiqithi, izicelo ezifunyenweyo, iinkcukacha zeenkampani ezinikwe amaqithiqithi, imiqathango yamaqithiqithi kunye nokusebenza kokunikwa kwamaqithiqithi kwiinkampani ngokubhekisele kule miqathango.

7.1.4 Iimvume

Ezi ziquka ulwazi olunxulumene nemvume ezikhutshelwa imibutho yi-dti, kuqukwa iimvume zokuthumela impahla ngaphandle/ukungenisa impahla phakathi elizweni kunye neemvume zokurhweba ngotywala, ngokunjalo nezo ziphathelene nemveliso ezilawulwa phantsi komThetho wokuthintela ukwanda. Ulwazi olungundoqo kumxholo weemvume lulwazi lwenkampani kunye nolwemveliso ngokunjalo nemida yokungenisa impahla ngaphakathi elizweni/ukuthumela impahla ngaphandle, apho kusebenzayo.

7.1.5 IRhafu yeMpahla eNgeniswa mngaPhakathi neThunyelwa ngaPhandle eLizweni

Oku kuquka irhafu yangoku neyembali kwiimveliso ezingeniswa ngaphakathi kunye nezithunyelwa ngaphandle. Ulwazi lunxulumene nezivumelwano zorhwebo phakathi koMzantsi Afrika kunye namanye amazwe, ngokunjalo neziphakathi kwamazwe angaphandle.

7.1.6 I-SARS ne-SARB

Olu lwazi lunxulumene neetransekshini neengxelo kwi-SARS, SARB ne-dti. Oku kuquka iitransekshini zempahla ethunyelwa ngaphandle nengeniswa ngaphakathi ziinkampani, imali yangaphandle efunyanwa ziinkampanio kwimpahla ethunyelwa ngaphandle, ngokunjalo ne-VAT namanani engeniso yemibutho ebhalisiweyo.

7.1.7 i-dti noLawulo lwecandelo

Olu didi kakhulu lusebenza ngolwazi olunxulumene nolawulo kunye namaxwebhu angaphakathi e-dti namacandelo ayo. Uhlobo lolwazi oluqukwe kolu didi ngamayilo amashishini, inkcitho yecandelo kunye nengxelo yenkqubela, iinkqubo kunye nolwazi ngomgaqo-nkqubo wangaphakathi we-dti internal policy information.

7.1.8 ULawulo loQhagamshelwano nabaNtu ekuSetyenziswana nabo

Ulwazi lolawulo loqhagamshelwano luquka ulwazi malunga nabantu ekusetyenziswana nabo abangundoqo kunye nobudlelwane nokudibana kwabo ne-dti. Izicelo izicelo zesimo nezikhalazo eziphakanyiswe ngabantu ekusetyenziswana nabo okanye yiklayenti nazo ziyakugcinwa njengenxenye yolwazi loqhagamshelwano.

7.1.9 ULawulo lwezimali nolwe-HR

Oku kuquka ulwazi lwezimali lwe-dti olufana nohlahlo lwabiwo-mali, inkcitho yezimali ngokubhekisele kuhlahlo lwabiwo-mali, kunye nesimo sezimali samaqithiqithi afakwe kuhlahlo lwabiwo-mali ngokubhekisele kumaqithiqithi/iinkxaso ezikhutshwe yi-dti. Olu lwazi lunxulumene ngqo nazo zombini imivuzo nemisebenzi yokukhutshwa nokufunyanwa kweenkonzo nempahla. Ulwazi lwemicimbi enxulumeen nabasebenzi lunxulumene nemivuzo, ikhefu, izakhono namayilo ophuhliso, ngokunjalo neenjongo ebantwini kunye nokusebenza kwabo ngokubhekisele kwezi.

7.1.10 Abanikezi nezaKhono

Icandelo liquka ulwazi malunga nabanikezi bezakhono neenkonzo kwi-dti ngokunjalonesimo se-BEE semibutho okanye abantu abanjalo. Olu lwazi lwenza inxenye yolwazi yokufunwa nokukhutshwa

kwempahla neenkonzo.

7.1.11 INkqubo/ULawulo lweProjekithi

Olu lwazi lunxulumene nenkqubo kunye neprojekthi ze-dti ezohlukayo ezivela kuphuhliso lwenkxaso yabanikeli ukuya kwimisitho yeenkqubo eziququzelelwe yi-dti. Oku kuquka uyilo, uhlahlo lwabiwo-mali, ukuhlola, unikezo kunye neenkcukacha zeziphumo.

7.1.12 ULawulo nomThetho

i-dti ilawula uluhlu lwemiThetho enxulumene norhwebo kunye namashishini, imimiselo nemigaqo-nkqubo. Ukongeza, i-dti ineerekhodi zamatyala omthetho anxulumene nemiba yorhwebo noshishino yezehlo zasekhaya nezamazwe ngamazwe.

7.1.13 Uphando/Uhlolo

I-dti iqhuba uphando nohlolo ngenxa yemiba yohlalutyo lomgaqo-nkqubo, izikhalazo zabaxhasi kunye nezicelo zecandelo lezoshishino. Ulwazi olwenza inxenye yolu didi luquka uhlobo lophando/uhlolo, iinkqubo luhlobo lophando/uhlolo, umhloli owabiweyo kunye nokufunyanisiweyo.

7.1.14 Imigaqo-nkqubo

Mininzi imigaqo-nkqubo enxulumene nemiba yorhwebo, ushishino, uqoqosho nentlalo-qoqosho eqhuba amanyathelo kunye namangenelo e-dti. Le migaqo-nkqubo iyajongwa kwakhona ize iphuculwe kumathuba athile kwaye yenza inkqubo-sikhokelo engundoqo kulwazi lolawuylo nolwamaqithiqithi. Imigaqo-nkqubo yokusebenza iyafumaneka kubo bonke abasebenzi be-dti ngendlela ye-intranet ukuze bakwazi ukuziqhelanisa nokusebenza kwawo onke amacandelo kunye nalo naluphi na utshinstho olunokuba neempembelelo

7.1.15 Ishishini neCandelo

Zonke iinkampani zihlelwa ngokwamaqela eshishini kunye necandelo ukufanisa ucupho lwezoqoqosho. Iinkampani zingenisa iingxelo zonyaka zezimali nezerhafu ukuze zazise iinkcukacha manani zoqoqosho.

7.2. Iindidi zaeerekhodi ezifumnekayo ukuba zihlolwe ngokomthetho ngaphandle kwe-PAIA

Iirekhodi	UmThetho
Iirekhodi zokubhalsiwa kotywala (irejista nezitifiketi)	UmThetho woTywala, oyiNombolo yama-59 ka-2003: iCandelo lama-23
iingxelo zokuhlola okanye zokuqinisekisa ezinikwe umntu ohloliweyo)	UmThetho woThintelo loKwanda kweziXhobo eziTshabalalisayo, oyiNombolo yama-87 ka-1993: iCandelo le-14

7.3. Iindidi zeerekhodi ezizifumaneka ngaphandle kwesicelo kwi-dti

7.3.1 Iincwadi ezifumanekayo

- 12I –12G INgxelo eya ePalamente
- Annual Performance Plan (uYilo lokuSebenza loNyaka)
- INkqubo yokuNyuswa koPhuhliso oluNxulumene neziLwanyana zaseManzini
- Incwadi yeSikim samaQithiqithi aNxulumene neziThuthi (Automotive Incentive Schem) (AIS)
- Ibhrosha ye-AIS

- INgxelo yeSihisni eliNxulumene neziThuthi
- Incwdi ye-BBSDP
- IMigaqo ye-CIS
- Ikhathalogu yamaQumrhu aQhutywa ngabaNini bawo
- Incwadi yamaQumrhu eliQhutywa ngabaNini bawo
- Iphetshana lamaQumrhu aQhutywa ngabaNini bawo
- INgxelo yeLungelo eliLodwa leKomishoni eJongayo Kwakhona
- IMaphu yeziThuthi zeLetroniki
- IiNcwadana ze-EMIA
- IMigaqo yeNkqubo yoTyalo-mali lwamaShishini
- UMgaqo kumaQithiqithi e-dti
- INgxelo yokuHlola amaQithiqithi e-IDIAD
- INkqubo yeNkxaso kuFukama
- UYilo lwamaNyathelo oMgaqo-nkqubo wamaShishini (Policy Action Plan) (IPAP)
- IBrosha yokuFundela umSebenzi eMsebenzini
- INcwadi yabaTyali-mali
- INkqubo yokuNyuswa koKhuphiswano lokuVelisa
- Manufacturing Investment Programme (INkqubo yoTyalo-mali yokuVelisa)
- National Exporter Development Programme (INkqubo yoPhuhliso lweMpahla eThunyelwa ngaPhandl)
- UmThetho woTywala weSizwe
- IiNkcukacha Manani zoRhwebo zeKota
- Sector-Specific Assistance Scheme (ISikim soNcedo esiNgqalene neCandelo)
- IiNcwadi zeNkqubo-Sikhokelo yeSicwangciso
- INgxelo yoNyaka ye-dti
- Iqela le-dti
- INkampani eziPhambili ezili-10 zase-SA (BRICS)
- INkqubo yoTyalo-mali kuKhenketho
- IiMfihlo zoRhwebo zoRhwebo lweLetroniki
- IiMfihlo zoRhwebo zamaShishini amaNcinane, aPhakathi
- IiMfihlo zoRhwebo zeMigangatho yobuLunga
- Ibrosha ye-Zimbabwe ITF

7.3.2 Ulwazi kwiwebhusayithi ye-dti

- Ukuxhotyiswa kwezoqoqosho (B-BBEE, UPhuhliso lwamaQumrhu abaNini, ukuXhotyiswa kwabaseTyhini)
- Uncedo lwezimali (amaqithiqithi)
- Uphuhliso lweshishini
- Umthetho nolawulo lweshishishini
- Isishwankathelo se-dti
- Uphuhliso lwe-SMME

- Iintetho neengxelo zabeendaba
- Urhwebo, ukuthumelaimpahla ngaphandle notyalo-mali
- Iinkcukacha manani zorhwebo
- ii-Arhente ze-dti

8. INKQUBO YESICELO

8.1. Inkqubo

Ezi nkqubo ziphunyeziwe kwisebe ukuba zijongane nezicelo zolwazi ngokomThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi:

Isinyathelo soku-1: Inqubo yesicelo

Ukucela ulwazi, ifom yesicelo (jonga iSihlomelo A) kufuneka igcwaliswe ize ingeniswe ku:

NGEPOSI	NGESANDLA	NGEFEKSI
USekela Gosa loLwazi i-dti Private Bag X84 Pretoria 0001	USekela Gosa loLwazi i-dti Shared Services Centre 77 Meintjies Street Sunnyside Pretoria	USekela Gosa loLwazi +27 (0)12 394 0800

Njengoko kufunwa ngumThetho, isixa sama-R35.00 kufuneka sikhaphe isicelo solwazi ukuba ngaba asiveli kumceli wobuqu. Esi sixa sihlawulwa ngetsheki okanye siyikheshi, ukuba ngaba siziswa ngesandla, okanye sinokufakwa kwi-akhawunti yebhanki ye-dti, apho ubungqina bediphozithi kufuneka buhambe nefom yesicelo.

Ibhanki	Standard Bank
Isebe:	Sunnyside
IKhowudi yesebe:	010645
IGama le-Akhawunti:	ISebe lezoRhwebo noShishino)
INombolo ye-akhawunti:	370 650 026
Ireferensi:	11825740

Inyathelo lesi-2: Ukuqinisekiswa nokuvunywa

USekela Gosa Lolwazi we-dti ufumana kwaye aqinisekise isicelo abone ukuba ingaba ulwazi olucelwayo luyafumaneka na e-dti. Isicelo siye ke samkelwe, sikhatywe okanye sidluliselwe kubagcini abafanelekileyo bolwazi olufunwayo. Ukuvuma ukufumana kuye kuthunyelwe kumceli ukuqinisekisa isimo sesicelo.

Inyathelo lesi-3: Ukusebenza ngolwazi

Ukuba samkelwe isicelo, i-dti iya kuqokelela ize ilungise ulwazi ize ibale neendleko ezibandakanyekayo (jonga umhlathi we-8.2.).

Inyathelo lesi-4: UkwaZiswa kokuGqibela

Umceli uyt kwaziswa ngokugqitywa kwesicelo ngokunjalo nemali ayibambayo ehlawulwa kwi-dti.

Inyathelo lesi-5: Inmtalwulo nokuhanjiswa

Yakube ifunyenwe intlawulo exelwe kwiNyathelo lesi-4 (kulandela inkqubo efanayo yentlawulo njengoko kuxeliwe kwiNyathelo loku-1), ulwazi luya kukhululelwa kumceli.

ULWAZI JIKELELE

Umntu onqwenela ukufumana ufikelelo kwiirekhodi ezigcinwe yi-dti kufuneka agcwalise ifo equlethwe kwiFom A yeSihlomelo B kwimimiselo ebekwe phantsi komThetho, kwaye equlethwe njengeSihlomelo A kule ncwadana. Imimiselo (kunye neCandelo le-18 lomThetho) zifuna ukuba umceli anike olu lwazi lulandelayo:

- Iinkcukacha zomntu ocela ufikelelo kwirekhodi;
- Iinkcukacha zomntu lowo senziwa egameni lakhe isicelo;
- Iinkcukacha zerekhodi okanye amarekhodi ekucelwa ufikelelo kuwo;
- Loluphi uhlobo lofikelelo olufunwayo, umzekelo, uhlobo olubhaliweyo okanye olushicilelweyo, lweletroniki okanye uhlobo olufundeka ngekhompyutha, njalo njalo?
- Idilesi yeposi okanye inomboo yefeksi yomceli;
- Nokuba irekhodi elibandakanyekayo kufuneka lube ngolwimi oluthile; kunye
- Nenkombiso yokuba umceli unqwenela ukwaziswa njani ngesigqibo esiphathelene nofikelelo kwi(ii)rekhodi e(ez)bandakanyekayo.

Nasiphi na isicelo esifunyenweyo kuya kusetyenzwa ngaso kwiintsuku ezingama-30 zokufunyanwa kwaso, ngaphandle kokubaumceli uxele izizathu ezikhethekileyo eziya konelisa iGosa loLwazi ekubeni iimeko zixela ukungathobeli ithuba elixelwe ngentla. Ithuba leentsuku ezingama-30 eli i-dti kuzakufuneka yenze isigqibo ngalo sokuba iyasivuma na okanye iyasala isicelo linokolulwa liye kwithuba elingedluli iintsuku ezingama-30 ukuba ngaba isicelo sesolwazo oluninzi okanye sifuna ukukhangelwa kolwazi olugcinwe kwenye i-ofisi yeziko kwaye ngeke ngokufanelekileyo lufunyanwe kwithuba leentsuku ezingama-30 zokuqala. I-dti iya kwazisa umceli ngokubhalwe phantsi ukuba ngaba kufunwa ixesha elololiweyo.

Ukuba ngaba isicelo senziwa egameni lomnye umntu, umceli kufuneka angenise ubungqina bamandla lawo senziwa ngawo isicelo, ukuze koneliseke i-dti.

Ukuba ngaba umntu akakwazi ukugcwalisa ifom emiselweyo ngenxa yokungukwazi ukufunda okanye ukukhubazeka, umntu onjalo unokwenza isicelo ngomlomo kwi-dti. IGosa loLwazi le-dti liya kusenza sibhalwe phantsi isicelo somlomo kwifom emiselweyo, ize inike umceli ikopi emva koko.

8.2. Iimali ezihlawulwayo

UmThetho ubonelela ngentlobo ezimbini zemali ehlawulwayo, ezizezi:

- Imali ehlawulelwa isicelo, eyimali eqhelekileyi ehlawulwa kupjela ngumceli ongenguye owobuqu; kwaye
- Imali yofikelelo, ebalwa ngokuthathela ingqalelo iindleko zokuvelisa kwakhona, ixesha neendleko zokukhangela kunye nezokulungisa , ngokunjalo neendleko zokuposa.

Lakube lisifumene isicelo iGosa loLwazi, liza kufuna ukuba umceli ahlawule imali emiselweyo ehlawulwayo phambi kokuba kusetyenzwe ngaso isicelo.

Ukuba ngaba ikhangelwe irekhodi kunye nokulungiswa kwerekhodi ukuba ixelwe, kuqukwa nolungiselelo lokuyenza ukuba ifumaneke ngohlobo lwesicelo, ukuba ifuna ngaphezulu kweeyure ezichazwe kwimimiselo ngale njongo, i-Gosa loLwazi liyakwazisa umceli ukuba ahlawule idiphozithi yenxenye emiselweyo yemali yofikelelo eyakuhlawula ukuba luvunyiwe ufikelelo.

IGosa loLwazi liya kugcina irekhodi de umceli ahlawule imali ehlawulwayo njengoko kukhonjisiwe kwiCandelo 8.2.1.

Umceli, osicelo sakhe sofikelelo kwirekhodi sivunyiweyo, kufuneka ahlawule imali yofikelelo yokuveliswa, ukukhangelwa nokulungiswa, kunye neyalo naliphi na ixesha elifanelekileyo elifunekayo eligqithisileyo kwiiyure ezimiselweyo zokukhangela kunye nokulungisa irekhodi ukuba lixelwe, kuqukwa nolungiselelo lokwenza lifumaneke ngohlobo oluceliweyo.

8.2.1. Imali ehlawulwayo ngokunxulumene namaqumrhu karhulumente

Ngenxa yeenjongo zecandelo lama-22(2) lomThetho, oku kulandelayo kuyasebenza:

INKCAZO	ISIXA (R)
Imali yesicelo ehlawulwayo ngumceli ngamnye, ngaphandle komceli wobuqu ekubhekiselwe kuye kummiselo we-7(2)	35,00.
Ngekopi nganye yencwadana njngoko kuxeliwe kummiselo 5(c) (kwikopi nganye efotokotshiweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko)	0,60
Imali ehlawulelwa ukuvelisa kwakhona ekubhekiselwe kuyo kummiselo 7(1) njengoku kulandelayo:	
1) Ngekopi nganye efotokotshiweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko	0,60
2) Ngekopi nganye eshicilelweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko egcinwe kwikhompyutha okanye ngohlobo lwe-letroniki okanye olufundeka ngomatshini	0,40
3) Ikopi engohlobo olufundeka kwikhompyutha ekwi- a) icwecwe lesitifi b) icwecwe le-compact (uhlobo olufundekayo)	 5,00 40,00
4) Ngekopi yemifanekiso ebonwayo a) ngephepha lesayizi ye-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko b) Ngekopi yemifanekiso ebonwayo	 22,00 60,00
5) Ngokukhutshelwa kwerekhodi evakalayo a) Ngephepha lesayizi ye-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko b) Ngekopi yerekhodi evakalayo	 12,00 17,00
Imali ehlawulelwa ufikelelo ngumceli ekubhekiselwe kuyo kummiselo 7(3) njengoku kulandelayo:	
1) Ngekopi nganye efotokotshiweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko	0,60
2) Ngekopi nganye eshicilelweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko egcinwe kwikhompyutha okanye ngohlobo lwe-letroniki okanye olufundeka ngekhompyutha	0,40
3) Ikopi engohlobo olufundeka kwikhompyutha ekwi- a) icwecwe lesitifi b) icwecwe le-compact	 5,00 40,00
4) Ngetranskripshini yemifanekiso ebonwayo, yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko	22,00
5) Ngekopi yemifanekiso ebonwayo	60,00

6) Ngokukhutshelwa kwerekhodi evakalayo, a) Ngephepha lesayizi ye-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko b) Ngekopi yerekhodi evakalayo	 12,00 17,00
Ukukhangela iirekhodi ukuze zixelwe, i-R15,00 kwiyure nganye okanye kwinxenye yeyure, kukhutshelwa ngaphandle iyure yokuqala, efuneka ngokufanelekileyo kuphando nolungiso olunjalo.	
Imali yokuqala ehlawulelwa ukuposa xa ikopi yerekhodi kufuneka iposelwe kumceli. Iindleko zokuposa zixhomekeka kwirhafu ebandakanyekayo nhgokwendawo ekuposelwa kuyo.	

8.2.2 Ukunyenyisa nokumiselwa ngeenjongo zecandelo 22(8)

Aba bantu balandelayo banyenyiselwe ekuhlawuleni imali ehlawulelwa ufikelelo exelwwe kwicandelo 22(6) lomThetho:

- Umntu oyedwa ongeniso yakhe yonyaka, emva kotsalo oluvunyiweyo ekubhekiselwe kulo kwiShedyuli kwesi saziso zenziwe, ayodluli kwi-R14 712,00 ngonyaka.
- Abantu okanye umntu otshatileyo kunye neqabane lakhe lobomi abangeniso yabo yonyaka engedluliyo kuma-R27 192, 00 ngonyaka.

Kukwamiselwa ngokungaphaya ukuba:

- Apho iindleko zokuqokelela nayiphi na imali ehlawulwayo exelwe kwiCandelo lama-22 lomThetho, yodlula imali ebiziweyo, imali ehlawulwayo enjalo ayisebenzi.
- Imali yofikelelo exelwe kwiCandelo 22(8) lomThetho ayisebenzi kwirekhodi yobuqu yomceli.
- Imali yesicelo exelwe kwiCandelo 22(1) lomThetho kunye nelali ehlawulelwa ufikelelo exelwe kwiCandelo 22(6) lomThetho ayisebenzi kwirekhodi ecelwe kwigosa eligcinayo okanye kumphandi ngokugcina ngeenjongo zophando lokugcina okanye uphando ngokwamagatya omThetho wokuGcina wama-99 ka-1998 (umThetho oyiNombolo yama-99 ka-10998) okanye imimiselo eyenziwe phantsi kwecandelo lama-44 laloo mThetho.

9. UKUVUNYWA/UKUKHATYWA KWEZICELO

9.1. UkwaLiwa kweSicelo

Isicelo solwazi sinokwaliwa ngomnye wale mihlaba ilandelayo, njengoko kuxeliwe kumThetho

ICANDELO	INKCAZO
34	**Ukhuselo olugunyazisiweyo lobucala beQela lesiThathu elingumntu ngokomthetho** IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente kufuneka lisale isicelo sofikelelo kwirekhodi lelo qumrhu likarhulumente ukub kzua kubandakanya ukuxelwa okungafanelekanga kolwazi lobuqu malunga neqela lesithathu, kuqukwa nomntu oswelekileyo. Nakuba kunjalo, ngele laliwe irekhodi ukuba lunolwazi: • malunga neqela lesithathu elivume ngokubhalwe phantsi ukuba luxelwe ulwazi; • Linikwa liqumrhu likarhulumenye ngumntu elinxulumene naye, kunye nokuba umntu waziswe liqumrhu likarhulumente, phambi kokuba lixelwe, kunye nokuba ulwazi luwela kudidi lolwazi olunokuba sele lufumaneka kuwonke-wonke; • Osele lufumaneka kuwonke-wonke; • Olunxulumene nempilo yasemzimbeni neyengqondo yomntu, okanye ukuba sempilweni, ophangsi kokhathalelo lomcelio, kwaye ongaphantsi kweminyaka eli-18 yobudala okanye ongakwaziyo ukuqonda ubunjani besicelo, kwaye ngokungaphaya kube ukuxela kokulungele umntu; • Malunga nomntu oswelekileyo kwaye umceli ungumntu osisalamane, okanye wenza isicelo ngemvume ebhaliweyo yesalamane somntu oswelekileyo; kunye • Namalunga nomntu olilo okanye owayelilo igosa lequmrhu likarhulumente, kwaye ulwazi lunxulumene nesikhundalokanye imisebenzi yomntu.
35	**Ukhuselo olugunyazisiweyo lweerekhodi ze-SARS** IGosa loLwazi kufuneka lale isicelo sofikelelo kwirekhodi le-SARS ukuba liqulethe ulwazi olufunyenwe okanye olugcinwe yi-SARS fngeenjongo zokunyanzelisa umthetho ophathelene nokuqokelelwa kwengeniso ngokomThetho weNkonzo yeRhafu yoMzantsi Afrika, oyiNombolo yama-32 ka-1997; ngaphandle kokuba irekjodi eliceliweyo linolwazi malunga nomceli okanye umntu esenziwa egameni lakhe isicelo, apho ke kwimeko enjalo lingeke kwaliwe nerekhodi.
36	**Ukhuselo olugunyazisiweyo lolwazi lorhwebo lweqela lesithathu** IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente malisale isicelo sofikelelo kwirekhodi ukuba liqulethe: • Iimfihlo zorhwebo zeqela lesithathu; • Ulwazi lwezimali, lorhweboi, lwenzululwazi okanye lobuchwepheshe ngaphandle kweemfihlo zorhwebo zeqela lesithathu, apho ukuxelwa ngaphaya koko kunokwenzeka kubange umonakalo kumdla wezorhwebo okanye wezimali weqela lesithathu; okanye • Ulwazi olunikwe liqela lesithathu ngobumfihlo kwaye, ukuba luxeliwe, ngokufanelekileyo kunokulindeleka ukuba lubeke iqela lesithathu kwisimo esibi kwiikontraki okanye kuthethathethwano okanye liqale ligwebe iqela lesithathu kukhuphiswano lwezorhwebo. Nakuba kunjalo, ngele laliwe irekhodi ukuba lunolwazi: • Osele lufumaneka kuwonke-wonke; • Malunga neqela lesithathu elivume ngokubhalwe phantsi ukuba luxelwe ulwazi kumceli obandakanyekayo; okanye • Malunhga neziphumo zako nakuphi na ukuvavanywa kwemveliso okanye kokusingqongileyo (hayi uvavanyo lokuqala) okanye olunye uphando oluqhutywe egameni leqela lesithathu, apjho ukuxela ngaphaya koko kunokuveza ukhuseleko olumandundu loluntu okanye ingozi kokusingqongileyo.

37	**Nokhuselo olugunyazisiweyo lolwazi lorhwebo oluyimfihlo kunye nokhuselo lolwazi oluthile oluyimfihlo lweqela lesithathu.** IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente kufuneka lisale isicelo sofikelelo kwirekhodi lelo qumrhu likarhulumente ukuba ukuxelwa kuza kophula ubumfihlo ekufuneka bugcinwe kwiqela lesithathu ngokwesivumelwano. IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lequmrhu likarhulumente ukuba irekhodi linolwazi olunikwe ngobumfihlo liqela lesithathu kwaye, ukuba luxeliwe, lunokugweba unikezo lwexa elizayo lolwazi olufanayo okanye ulwazi oluvela kwakulo mthombo mnye; kunye nokusemdleni woluntu ekubeni ulwazi oluvela kumthombo omnye luqhube lufumaneka. Nakuba kunjalo, ngele laliwe irekhodi ukuba lunolwazi: • Osele lufumaneka kuwonke-wonke; okanye • Malunga neqela lesithathu kwaye iqela lesithathu sele livume ngokubhalwe phantsi ukuba luxelwe kumceli.
38	**Nokhuselo olugunyazisiweyo lokukhuseleka kwabantu kunye nokhuselo lwepropati** IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente kufuneka lisale isicelo sofikelelo kwirekhodi lelo qumrhu likarhulumente ukuba ukuxelwa kwalo kunokulindeleka ukuba lufake engozini ubomi okanye ukhuseleko lwasemzimbeni lomntu. IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lequmrhu likarhulumente ukuba ukuba ukuxelwa kwalo kunokugweba okanye konakalise ukhuselo lwesakhiwo, okwakhiweyo okanye inkqubo, kuqukwa inkqubo yekhompyutha okanye yonxibelelwano, indlela yothutho okanye nayiphi na ipropati. IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lelo qumrhu likarhulumente ukuba ukuba ukuxelwa kwalo kuza kugweba, konanakalise, iindlela, iinkqubo, amacebo okanye inkqubo yokhuselo lo: • Mntu ophantsi kwesikim sokhuselo lwengqina; • Ukhuselo loluntu okanye nayiphi na inxenye yoluntu; okanye • Ukhuselo lwesakhiwo, okwakhiweyo, okanye inkqubo, kuqukwa ikhompyutha okanye inkqubno yonxibelelwano, indlela yothutho okanye nayiphi na enye ipropati.
39	**Nokhuselo olugunyazisiweyo lweedokethi zamapolisa kwiinkqubo zebheyile kunye nokhuselo lokunyanzeliswa komthetho kunye neenkqubo zomthetho** IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lelo qumrhu likarhulumente ukuba ufikelelo kwelo rekhodi luthintelwe ngokwecandelo lama- 60(14) lomThetho weNkqubo yoLwaphulo-mthetho, oyiNombolo yama-51 ka-1977. IGosa loLwazi linemihlaba yengqiqo yalo yowala ngokwecandelo lama-39(1)(b) le-PAIA. Ngeke laliwe irekhodi ukuba lunolwazi malunga neemeko jikelele zokugcinwa kwabantu abaseluvalelweni.:
40	**Ukhuselo olugunyazisiweyo lwerekhodi eziveliswa kwinkqubo zomthetho** IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente kufuneka lale isicelo sofikelelo kwirekhodi lequmrhu likarhulumente ukuba irekhodi linelungelo elilodwa lokuba liveliswe kwiinkqubo zomthetho, ngaphandle kokubailungelo elilodwa elinjalo lilahliwe.

41	**<u>Ukhuselo, ukhuseleko kunye nobudlelwane bamazwe beRiphabliki</u>** IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lelo qumrhu likarhulumente ukuba ukuxelwa kwalo kunokulindeleka ukuba libangele ukugweba: • Kukhuselo lweRiphabliki; • Kukhuseleko lweRiphabliki; okanye • Ubudlelwane namazwe ngamazwe beRiphabliki. IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lelo qumrhu likarhulumente ukuba ukuba ukuxelwa kwalo kuveza ulwazi: • Olunikwe njengemfihlo okanye egameni lelinye ilizwe okanye umnutho wamazwe ngamazwe; • Lunikwe okanye egameni leRiphabliki kwelinye ilizwe okanye umbutho wamazwe ngamazwe ngokolungiselelo okanye isivumelwano samazwe ngamazwe esifuna ukuba ulwazi olo lugcinwe luyimfihlo; okanye • Kufunwa ukuba lugcinwe luyimfihlo sisivumelwano samazwe ngamazwe okanye ngumthetho ongabhalwanga phantsi wamazwe ngamazwe othathwe kumasiko phantsi kwamacandelo elama-231 okanye elama-232 oMgaqo-siseko.
42	**<u>Imidla yezoqoqosho kunye nentlalontle yezimali zeRiphabliki kunye nemisebenzi yorhwebo yamaqumrhu karhulumente</u>** IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lequmrhu likarhulumente ukuba ukuba ukuxelwa kwalo kunokufaka emngciphekweni umdla wezoqoqosho okanye intlalontle yezimali yeRiphabliki okanye ukukwazi kukaRhulumente ukulawulwa nghokubonakalayo uqoqosho lweRiphabliki, ngokoksuemdleni weRiphabliki. IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lelo qumrhu likarhulumente ukuba irekhodi: • Liqulethe iimfihlo zikarhulumente okanye zequmrhu likarhulumente; • Liqulethe ulwazi lwezimali, lorhwebo, lwenzululwazi okanye lobuchwepheshe kway ukuxelwa ngaphaya koko kungabanga umonakalo kumdla wezorhwebo okanye wezimali karhulumente okanye weqela lesithathu; • Liqulethe ulwazi olo, xa luxelwa, lunokwenza lihleleleke iqumrhu likarhulumente ngekontraki okanye ngolunye uthetha-thethwano okanye ukuqala ugwebe iqumrhu likarhulumente kukhuphiswano lorhwebo; okanye • Yinkqubo yekhompyutha, njengoko kuchaziwe kumThetho wamaLungelo aBenzi, oyiNombolo yama-98 ka-1978, emnini wayo ingurhulumente okanye iqumrhu likarhulumente, ngaphandle kokuba lifunelwa ukunika ufikelelo ngokwe-PAIA. IGosa loLwazi linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lelo qumrhu ukuba irekhodi linolwazi: • Osele lufumaneka kuwonke-wonke; • Olumalunga okanye elimnini walo iliqumrhu likarhulumente ngaphandle kwequmrhu likarhulumente esenziwe ngalo isicelo, kwaye eli qumrhu likarhulumente livume ngokubhaliwe phantsi ekuxelweni kwalo; okanye • Malunga neziphumo zako nakuphi na ukuvavanywa kwemveliso okanye kokusingqongileyo (kukhutshelwa ngaphandle uvavanyo lokuqala) olunikwe liqumrhu likarhulumente okanye iziphumo zako nakuphi na ukuvavanywa okunjalo okanye uphando oluqhutywe egameni leqela lesithathu, apho ukuxela ngaphaya koko kunokuveza ukhuseleko olumandundu loluntu okanye ingozi kokusingqongileyo.

43	**Ukhuselo olugunyazisiweyo lolwazi lophando lweqela lesithathu kunye nokhuselo lolwazi lophando lwequmrhu likarhulumente** IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente malisale isicelo sofikelelo kwirekhodi lequmrhu ukuba irekhodi liqulethe ulwazi malunga nophando oluqhutywayo okanye oluza kuqhutywa egameni lequmrhu likarhulumente, kwaye ukuba benokunokuxelwa oku, bekunokubhenca iqumrhu likarhulumente, umntu oqhuba uphando egameni lequmrhu likarhulumente okanye umba wophando ekuhlelelekeni okumandundu. IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lequmrhu ukuba irekhodi liqulethe ulwazi malunga nophando oluqhutywayo okanye oluza kuqhutywa egameni lequmrhu likarhulumente, kwaye ukuba benokunokuxelwa oku, bekunokubhenca iqumrhu likarhulumente, umntu oqhuba uphando egameni lequmrhu likarhulumente okanye umba wophando ekuhlelelekeni okumandundu.
44	**Ukusebenza kwamaqumrhu karhulumente** IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lequmrhu likarhulumente ukuba irekhodi liqulethe uluvo, icebiso, ingxelo okanye isincomo esifunyenwe okanye esilungiswe, okanye nhgokokudibana, ukucebisana, ingxoxo okanye ukuxoxa, kuqukwa imizuzu yeentlanganiso, ngenjongo zokunceda ukwenza umgaqo-nkqubo okanye ukuthatha isigqibo ekusetyenzisweni kwamagunya okanye ukwenziwa komsebenzi ngokomthetho. IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lelo qumrhu ukuba ukuxelwa kwerekhodi kulindeleke ukuba likhathaze inkqubo yangabom kwiqumrhu likarhulumente okanye phakathi kwamaqumrhu karhulumente, ngokuthintela unxibelelwano olubonwayo loluvo, icebiso, ingxelo okanye isincomo; okanye ukuqhutywa kokudibana, ingxoxo okany ukuxoxisana; okanye ukuba ukuxelwa kwerekhodi kunokuxela ngaphambi kwexesha umgaqo-nkqubo okanye umgaqo-nkqubo ocamngcwayo ekulindeleke ukuba ukhathaze ngokufanelekileyo impumelelo yaloo mgaqo-nkqubo. IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lelo qumrhu likarhulumente ukuba: • Ukuxelwa kweerekhodi kunokulindeleka ukuba kwenze kuhlelelekeinkqubo yokusebenza kovavanyo, uxilongo okanye uphicotho-ncwadi esetyenziswa liqumrhu likarhulumente; • Irekhodi liqulethe imathiriyeli emisela ixabiso, nokuba umntu oyinikileyo uxeliwe kwirekhodi, kwaye ukuxelwa kwemathiriyeli kuza kophula ukuvakalisa okanye isithembiso esixeliweyo, esenziwe kumntu onike imathiriyeli, kwaye imathiriyeli okanye ukwaziwa kwaloo mntu unike imathiriyeli kuya kugcinwa kuyimfihlo; okanye • Irekhodi liqulethe uqulunqo lokuqala, olokusebenza okanye olulolunye lwegosa leziko likarhulumente.
45	**Izicelo eziyimfeketho kunye nezicaphukisayo okanye nokutshintshwa ngokungafanelekanga nangokukhulu kwemithombo** IGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente linokusala isicelo sofikelelo kwirekhodi lelo qumrhu likarhulumente ukuba isicelo siyimfeketho kwaye siyacaphukisa okanye ukuba umsebenzi obandakanyekayo ekusebenzeni ngesicelo unokutshintshwa ngokungafanelekanga nangokukhulu kwemithombo yequmrhu likarhulumente.
46	**Ukuxela okugunyazisiweyo ngokusemdleni woluntu** Ngaphandle kwale mihlaba ikhankanywe ngasentla yokwala, iGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente kufuneka lisivume isicelo sofikelelo kwirekhodi lequmrhu likarhulumente ukuba ukuxelwa ngaphaya koko kuza kuveza ubungqina bokophulwa okubonakalayo okanye ukusilela ukuthobela umthetho; okanye ukhuselo ukhuselo loluntu oluza kwenzeka okanye ingozi kokusingqongileyo; kwaye umdla woluntgu ekuxelweni kwerekhodi wodlula ingozi exelwe phantsi kwemihlaba yokwala.

9.2. Isibheno

Umceli unokufaka isibheno sangaphakathi ngokuchasene nesigqibo seGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente:

- Sokwala ufikelelo kwirekhodi;
- Ngokuphathelene nemali ehlawulelwa isicelo, idiphozithi kwimali ehlawulelwa ufikelelo, okanye imali ehlawulelwa ufikelelo;
- Ngokuphathelene nokwandiswa kwexesha lokusebenza ngesicelo; kunye
- Nokuphathelene nokunikwa ifom eyahlukileyo kuleyo ibiceliwe.

Iqela lesithathu linokufaka isibheno sangaphakathi ngokuchasene nesigqibo seGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente sokunika ufikelelo.

Indlela yokubhena kunye nemali ehlawulelwa ukubhena

- Isibheno masifakwe ngefom emiselweyo (jonga iSihlomelo B):
    1. Isibheno kufuneka sifakwe kwiintsuku ezingama-60;
    2. Ukuba ngaba isaziso esiya kwiqela lesithathu siyafuneka, isibheno kufuneka sifakwe kwiintsuku ezingama-30 ezisemva kokuba sinikiwe isaziso kumbheni ngesigqibo sokubhena;
    3. Ukuba ngaba isaziso esiya kumbheni asifuneki emva kokuba sithathiwe isigqibo, isibheno kufuneka sihanjiswe okanye sithunyelwe kwiGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente elibandakanyekayo kwidilesi, inombolo yefeksi okanye idilesi yeletroniki ye-imeyile;
    4. Isibheno kufuneka sazise umxholo wesibheno kwaye sixele izizathu zesibheno sangaphakathi kwaye sinokuquka naluphi na ulwazi olubalulekileyo olwaziwayo ngumbheni;
    5. Ukuba, kusongezwa kwimpendulo ebhaliweyo, umbheni unqwenela ukwaziswa ngesigqibo sesibheno sangaphakathi ngayo nayiphina enye indlela, kufuneka azxele indlele kwaye anike iinkcukacha eziyimfuneko ukuze zixelwe; kwaye
    6. Ukuba kuyenzeka, isibheno kufuneka sikhatshwe yimali ehlawulelwa isibheno emiselweyo kwaye kufuneka ixele idilesi yeposi kunye nenombolo yefeksi.

- Ukuba ngaba isibheno sifakwe emva kokuphela kwethuba ekubhekiselwe kulo, ugunyaziwe obandakanyekayo kufuneka, emva kokuxelwa kwesizathu esivakalayo, avumele ukufakwa kwesibheno.
- Ukuba ugunyaziwe obandakanyekayo uyakukhaba ukufakwa kwesibheno emva kwexesha, kufuneka anike isaziso ngeso sigqibo kumntu ofake isibheno.
- Umceli ofake isibheno ekwaliweni kwesicelo sakhe sofikelelo kufuneka ahlawule imali emiselweyo ehlawulelwa isibheno, ukuba kukho nayiphi.
- Ukuba ngaba imali emiselweyo ehlawulelwa isibheno iyahlawulwa ngokunxulumene nesibheno, isigqibo kwisibheno sinokubanjezelwa de imali ehlawulwayo ihlawulwe.
- Msinyane kangangoko kunokwenzeka, kodwa kwiintsuku ezili-10 zokusebenza ezisemva kokufunyanwa kwesibheno, iGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente ekibandakanyekayo kufuneka lingenise kugunyaziwe obandakanyekayo:
    1. Isibheno kunye nezizathu zakhe zesigqibo esibandakanyekayo; kwaye
    2. Ukuba isibheno sihasene nokwaliwa okanye ukuvunywa kwesicelo sofikelelo, igama, idiesi yeposi, umnxeba nenombolo yefeksi kunye nedilesi ye-imeyile yeletroniki, nokuba yeyiphi na efumanekayo, yalo naliphi na iqela lesithathu ekufuneka laziswe ngesicelo.

    ngokwesahluko sama-47(1) sesicelo.

UMphathiswa wezoRhwebo noShishino usebenza njengogunyaziwe obandakanyekayo osebenza ngezibheno kwisebe.

IFOM A

ISICELO SOFIKELELO KWIREKHODI LEQUMRHU LIKARHULUMENTE

(ICandelo 18(1) lomThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi, 2000 (UmThetho oyiNombolo yesi-2 ka-2000))

[uMmielo wesi-6]

KUSETYENZISWA LISEBE:

INombolo yeReferensi: _____

Sifunyenwe ngu _____ (xela isikhundla, igama nefani yeGosa loLwazi/Sekela Gosa loLwazi) ngo _____ (umhla) e _____ (indawo).

IMali ehlawulelwa isicelo (ukuba kukho nayiphi): R_____

Idiphozithi (ukuba kukho nayiphi): R_____

IMali ehlawulelwa ufikelelo: R_____

_____

USAYINO LWEGOSA LOLWAZI/SEKELA GOSA LOLWAZI

A. Iinkcukacha zequmrhu likarhulumente

IGosa loLwazi/Sekela Gosa loLwazi:

B. Iinkcuykacha zomntu ocela ufikelelo kwirekhodi

- Iinkcukacha zomntu ocela ufikelelo kufuneka zinikwe ngezantsi.
- Idilesi kunye/okanye inombolo yefeksi kwiRiphabliki oluzakuthunyelwa kuyo ulwazi kufuneka inikwe.
- Ubungqina besikhundla esenziwa ngaso isicelo, ukuba kuyenzeka, kufuneka buhlonyelwe.

Amagama apheleleyo nefani: _____

Inombolo yesazisi: _____

IDilesi yePosi: _____

Inombolo yefeksi: _____

Inombolo yomnxeba: _____

Idilesi ye-imeyile: _____

Isikhundla esenziwa ngaso isicelo, xa sisenziwa egameni lomnye umntu:

_____

C. Iinkcukacha zomntu lowo senziwa egameni lakhe isicelo

Eli candelo kufuneka ligcwaliswe KUPHELA ukuba isicelo solwazi senziwa egameni lomnye umntu.

Amagagma apheleleyo nefani: _____

Inombolo yesazisi: _____

D. Iinkcukacha zerekhodi

- Nika iinkcukacha ezipheleleyo zerekhodi elo kufunwa ufikelelo kulo, kuqukwa nenombolo yereferensi ukuba ngaba uyayazi, uuze likwazi ukufnyanwa irekhodi.
- Ukuba ngaba isithuba esinikiweyo asonelanga, nceda uqhube kwiphepha elongezelelweyo uze ulihlomele kule fom. Umceli kufuneka asayine onke amaphepha awongezelelekileyo aneenombolo.

1. Inkcazo yerekhodi okanye inxenye ebandakanyekayo yerekhodi:_____

_____

2. INombolo yeReferensi, ukuba iyafumaneka: _____
3. Naziphi na iinkcukacha ezingaphaya zerekhodi: _____

E. Iimali ezihlawulwayo

- Isicelo sofikelelo kwirekhodi, ngaphandle kwerekhodi eliqulethe ulwazi lobuqu malunga namaziko, luyakulungiswa kuphela emva kokuba imali ehlawulelwa isicelo ihlawulwe.
- Uyakwaziswa ngesixa ekufuneka sihlawulwe njngemali ehlawulelwa isicelo.
- Imali ehlawulwayo yokufikelela kwirekhodi ixhomekeka kuhlobo olufunwa ngalo ufikelelo kunye nexesha elifanelekileyo lokukhangela kunye nokulungisa irekhodi.
- Ukuba ngaba ufanelelekile ukuba unyenyiselwe intlawulo yayo nayiphi na imali ehlawulwayo, nceda uxele isizathi sokunyenyiselwa.

Isizathu sokunyenyiselwa ekuhlawuleni imali ehlawulwayo: _____

_____

F. Uhlobo lofikelelo kwirwekhodi

Ukuba ngaba uthintelwa kukukhubazeka ukuba ufunde, ujonge okanye umamele kwirekhodi ngohlobo lofikelelo olunikwe kwisi-1 ukuya kwisi-4 ngezantsi, xela ukukhubazeka kwakho kwaye ukhombise uhlobo olufunwa ngalo irekhodi.

Ukukhubazeka:	Uhlobo elifuneka ngalo irekhodi:

Phawula ibhokisi efanelekileyo ngo- X.
AMANQAKWANA:

- Ukuthobela isicelo sakho sofikelelo kwirekhodi ngohlobo oluceliweyo kunokuxhomekeke kuhlobo olo lufumaneka ngalo irekhodi.
- Ufikelelo ngohlobo oluceliweyo lunokwaliwa kwiimeko ezithile. Kwimeko enjalo uyakwaziswa ukuba ufikelelo lunokunikwa ngolunye uhlobo.
- Imali ehlawulwayo yokufikelela kwirekhodi, ukuba kukho nayiphi, iya kumiselwa inxenye yayo luhlobo ololucelwe ngalo ufikelelo.

1. Ukuba ngaba irekhodi lingohlobo olubhaliweyo okanye olushicilelweyo:

	ikopi yerekhodi		ukuhlolwa kwerekhodi

2. Ukuba irekhodi inemifanekiso ebonwayo:
(Oku kuquka iifoto, izilayidi, okurekhodwe kwividiyo, imifanekiso eyenziwe ngekhompyutha, iziketshi, njalo njalo):

	bona imifanekiso		iikopi zemifanekiso		ukukhutshelwa kwemifanekiso

3. Ukuba iirekhodi zinamagama okanye ulwazi olurekhodiweyo olunokhutshelwa kwisandi:

	mamela isandi (ikhasethi evakalayo)		Ukukhutshelwa kwesandi (uxwebhu olubhaliweyo okanye olukhutshelweyo)

4. Ukuba irekhodi ligcinwe kwikhompyutha okanye ngeletroniki okanye ngohlobo olufundeka kumatshini:

	ikopi eshicilelweyo yerekhodi		ikopi eshicilelweyo yolwazi oluthathwe kwirekhodi		ukukhutshelwa ngohlobo olufundekayo (isitifi okanye icwecwe lediski)

Ukuba ucele ikopi yokukhutshelwa kwerekhodi (ngentla), ingaba unqwenela ukuba ikopi okanye okukhutshelweyo kuthunyelwe kuwe ngeposi?? Imali yokuthumela iyahlawulwa.	EWE	HAYI

Qaphela ukuba xa lingafumaneki irekhodi ngolwimi olukhethayo, ufikelelo lunokunikwa ngolwimi olo lufumaneka ngalo irekhodi.

Loluphi ulwimi okhetha ukulifumana ngalo irekhodi?

G.Isaziso seigqibo ngokuphathelene nesicelo sofikelelo

Uyakwaziswa ngokubhalwe phantsi ukuba ingaba isicelo sakho sivunyiwe/sikhatyiwe na. Ukuba ngaba unqwenela ukwaziswa ngenye indlela, nceda uxele indlela kwaye unike iinkcukacha ezibandakanyekayo ukuze kuthotyelwe isicelo sakho.

Ukhetha ukwaiswa njani ngesigqibo esiphathelene nesicelo sakho sokufikelela kwirekhodi? _____

_____

Isayinwe e _____usuku lwe _____ 20 _____

USAYINO LOMCELI/ UMNTU ESENZIWA EGAMENI LAKHE ISICELO

IFOM B

ISAZISO SESIBHENO SANGAPHAKATHI

(ICandelo lama-75 lomThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi, 2000 (umThetho oyiNombolo yesi-2 ka-2000))

[UMmiselo wesi-8]

XELA INOMBOLO YAKHO YEREFERENSI:

A. Iinkcukacha zequmrhu likarhulumente

IGosa loLwazi/Sekela Gosa loLwazi:

B. Iinkcukacha zomceli/iqela lesithathu elifaka isibheno sangaphakathi

- Iinkcukacha zomntu ofaka iesibheno sangaphakathi kufuneka zinikwe ngezantsi.
- Ubungqina besikhundla eso sikwa ngaso isibheno, ukuba kuyenzeka, kufuneka buhlonyelwe.
- Ukuba ngaba umbheni ngumntu wesithathu kwaey ayinguye umntu ocele ulwazi ekuqaleni, iinkcukacha zomceli kufuneka zinikwe ku-C ngezantsi.

Amagama apheleleyo nefani: _____

Inombolo yesazisi: _____

IDilesi yePosi: _____

Inombolo yefeksi: _____

Inombolo yomnxeba: _____

Idilesi ye-imeyile: _____

Isikhundla eso isibheno sangaphakathi senziwa ngaso egameni lomnye umntu:

C. Iinkcukacha zomceli

Eli candelo kufuneka ligcwaliswe KUPHELA ukuba iqela lesithathu (kunomceli) lifaka isibheno sangaphakathi.

Amagama apheleleyo nefani: _____

Inombolo yesazisi: _____

D. Isigqibo eso sifakwa ngaso isibheno sangaphakathi

Phawula isigqibo eso sifakwa ngaso isibheno sangaphakathi ngo-X kwibhokisi efanelekileyo:	
	Ukwaliwa kwesicelo sofikelelo
	Isigqibo esiphathelene nemali ehlawulwayo ngokwecandelo lama-22 lomThetho
	Isigqibo esiphathelene nokwandiswa kwethuba elo isicelo kufunbeka kusetyenzwe ngasdo ngokwecandelo lama-26(1)lomThetho
	Isigqibo ngokwecandelo lama-29(3) lomThetho sokwala ufikelelo ngohlobo oluceliweyo ngumceli
	Isigqibo sokuvuma ufikelelo kwisicelo

E. Imihlaba yokubhena

Ukuba ngaba isithuba esinikiweyo asonelanga, nceda uqhube kwiphepha elongezelelweyo uze ulihlomele kule fom. Kufuneka usayine onke amaphepha awongezelelekileyo aneenombolo.

Xela imihlaba leyo sisekelwe kuyo isibheno: _____

_____

_____

_____

_____

Xela naluphi na olunye ulwazi olunokubaluleka ekuthatheleni ingqalelo isibheno:

_____

_____

_____

_____

F. ISaziso sesigqibo sokubhena

Uyakwaziswa ngokubhalwe phantsi ngesigqibo sesibheno sakho sangaphakathi. Ukuba ngaba unqwenela ukwaziswa ngenye indlela, nceda uxele indlela kwaye unike iinkcukacha ezibandakanyekayo ukuze kuthotyelwe isicelo sakho.

Xela indlela: _____

Inkcukacha zendlela: _____

Isayinwe e _____usuku lwe _____ 20 _____

USAYINO LOMBHENI

KUSETYENZISWA LISEBE

IREKHODI ELISEMTHETHWENI LESIBHENO SANGAPHAKATHI:

Isibheno sifunyenwe ngo _____(umhla) ngu _____
_____ (xela isikhundla, igama nefani leGosa loLwazi/Sekela Gosa loLwazi).
Isibheno sihamba nezizathu zesigqibo seGosa loLwazi/Sekela Gosa loLwazi kwaye, apho kwenzekayo, iinkcukacha zalo naliphi na iqela lesithathu elo iirwekhodi zinxulumene nalo, singeniswa kwiGosa loLwazi/Sekela Gosa loLwazi ngo _____ (umhla) kugunyaziwe obandakanyekayo.

ISIPHUMO SESIBHENO:

Isigqibo seGosa loLwazi/Sekela Gosa loLwazi soQinisekisiwe/ iSigqibo esiTsha siFakiwe

Isigqibo esitsha:

_____

_____

_____

_____ _____

UGunyaziwe obaNdakanyekayo Umhla

Sifunyenwe liGosa loLwazi/Sekela Gosa loLwazi kuGunyaziwe obaNdakanyekayo ngo: _____(Umhla)

AMANOTHI

the dti **Customer Contact Centre**

0861 843 384 / + 27 12 394 9500

the dti **Website**

www.thedti.gov.za

the dti **Postal Address**

Private Bag X84

Pretoria

0001